Lirolelwa 3/6 ngo Imta (itunyelwe ingekapeli) 4s ipele i Kwata ingarolwanga .

Unokuhlaulelwa wonke unyaka ekuveleni kwawo nge 13s 6d

Izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, nemibiko irolelwa 2s 6d

Zingene kanye; 3s 9d kabini; 5s katatu.

IXABISO 3d.]

Imvo Neliso Lomzi

(NATIVE OPINION AND GUARDIAN)

Authorised Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories

KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, THURSDAY,JUNE 27, 1895.

ELIPEPA LIPUMA

NGOLWESI-TATU IVEKI ZONKE

Lijonge Ilungelo Lomzi kupela.
Limele imfanelo yabantsundu ngapandle koloyiko.
Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

[Vol. XI, No. 557

IZAZISO ZAKOMKULU

ZISHICILELWA NGE GUNYA,

Ifandesi Lemihlaba.

ISAZISO SAKOMKULU.—No. 26, 1895.

NGOKWESIQENDU II so Mteto No, 15 we 1887, kuyaziewa apa kumntu wonke ukuba ezi ziziba zomhlaba wa Komkulu, okumandla waae Griqualand East, kwisiqingata ease Mount Fletcher, ziyakutengiswa ngefandesi pambi kwe ofisi ka Mantyi e MOUNT FLETCHER, nge xesha Lechumi, kusasa, ngolwesi HLANU, 19 JULY, 1895, ngokwezimiselo zalomteto ungentla nangezimiaelo zelifandesi ezibalalweyo, nezingati zixelwe ngalomhla we fandesi, njalo-njalo.

Isiziba ngasinye somhlaba siya kutengiswa ngemali esixhonywe ngayo, waye ote wabhida ngapezu kwabanye, kananjalo ngemali engengapantsi koxhonywe ngayo, eyakuba ngowutengileyo; umtengi ke lowo koba kokwake ukuyihlaula yonke ngaxanye nokuba yinxalenye yayo ngalomhla we Fandesi. Ekoti

(i) Kungeko ntlaulo ngalomhla wefandesi isahlulo seshumi sirolwe ngenyanga ezintandatu, ize esinye isahlulo seshumi sirolwe kwinyanga ezilishumi linambini ezilandela umhla wefandesi.

(ii) Ukuba imali ehlaulwe ngomhla we fandesi ingapantsi kwesahlulo seshumi isisalela sesahluko seshumi sohlaulwa ekupeleni kwenyanga ezintandatu, ize isahlulo seshumi esisasaleleyo sirolwe kwinyanga ezilishumi linambini ukususela kumhla we fandesi.

(iii) Ukuba imali eblaulwe ngomhla we fandesi ipakati kwesahlulo seshumi nesahlulo sesihlanu sibleulwe kwinyanga ezilishumi linambini emva kwefandesi elo.

Inzala yezontlaulo yoba ziponti zone ekuwiningonyaka; ekoti ukuhlaulwa kwayo nenzala leyo kuqiniselwe ngabameli abafezekileyo ababini ngokwaneliseka ko Mantyi —abameli abofika bazibopelele kunye nangabanye uknba ngabo abanetyala, bengena kuzilandulela nangantoni.

Indleko zocando njalo njalo, netayitile zohlaulwa ku Mantyi nokuba ngomnye umntu owonikwa igunya loko ngalomhla wefandesi.

Unotenga lowo wofika abhale umnqopiso ngezahlulo ezine nezihlanu evuma ukuba woblaula inzala—eziponti ezine ngekulu, angati ukuba wayerole ngomhla wefandesi ngapezulu kwesahlulo sesihlanu, aselewenzela umnqopiso isisalela semali yentengo leyo. Unotenga woba nelungelo sokuhlaula lomini yonke mhlaumbi isahlulo semali yalomnqopiso, kungengapantsi kwamasbumi omahlanu eponti.

Umfanekiso walemihlaba, kwakunye nezimiselo zefandesi, zingabonwa kwi ofisi yo Nocanda e Kapa, nakwi ofisi ye Mantyi e Ngcobo.

J. TEMPLER HORNE,
Unocanda Omkulu.

Griqualand East.

Kwisi Qingata sase Mount Fletcher.

Lot No. 7,792, nbukulu 1,545 imokolo 464 square roods. Uxhonywe nge £270; indleko zocando £22 7B 6d ; itaitile 12s 3d.

Lot No. 7,783, ubukulu 1,094 imokolo509 square roods. Uxhony we nge £191 ; indleko zocando £16 15s ; itaitile 12s 3d.

Lot No. 7,794, ubukulu 4 235 imokolo 531 square roods. Uxhonywe nge £216 ; indleko ocando £18 16s 6d ; itaitile 12s 3d.

Lot No. 7,795, ubukulu 910 imokolo 362 square roods. Uxhonywe nge £159 ; indleko Zocando £15 13s ; Itaitile 12s 3d.

Lot No. 7,796, ubukulu 683 imokolo 326 square roods. Uxhonywe nge £112; indleko Zocando £14 5 ; itaitile 12s 3d

Lot No. 7,797, ubukulu 876 imokolo 192 square roods. Uxhonywe nge £153 ; indleko zocando £15 17s 6d ; itaitile 12s 3d.

Lot No. 7,798, nbukulu 683 imokolo 566 square roods. Uxhonywe nge £119 ; indleko zocando £14 15s ; itaitile 12s 3d.

Lot No. 7,799, ubukulu 1,193 imokolo 155 square roods. Uvhonywe nge £208 ; indleko zocando £18 8s 6d ; itaitile 12s 3d.

Lot No. 7,800, ubukulu 1,396 imokolo 386 square rosds. Uxhonywe nge £244 ; indleko zocando £18 5s ; itaitile 12s 3d,

Lot No. 7,801, ubukulu 978 imokolo 187 square roods. Uxhonywe nge £171; indleko zocando £16 9s 6d ; itaitile 12s 4d.

Lot No. 7,802, ubukulu 1,018 imokolo 82 square roods . Uxhonywe nge £168 ; indleko zocano £17 7s 6d ; itaitile 12s 3d,

Lot No. 7,903, ubukulu 850 imokolo 457 square roods. Uxhonywe nge £148 ; indleko zocando £16 2s ; itaitile 12s 3d.

Lot No, 7,804, ubukulu 1,218 imokolo 356 square roods. Uxhonywe nge £213 ; indleko zocando' £17 13s 6d ; itaitile 12s 3d.

Lot No, 7,805, ubukulu 1,086 imokola 369 square roods. Uxhonywe nge £120 ; indleko zocando £16 18s 3d ; itaitile 12s 3d.

Lot No, 7,106, ubukulu 1,117 imokolo 189 square roods. Uxhonywe nge £195 ; indleko zooando £17 17s 6d ; itaitile 12s 3d.

Lot No, 7,807, ubukulu 1 002 imokolo 387 square roods. Uxhonywe nge £175 ; indleko zocando £17 7s 6d ; itaitile 12s 3d.

Lot No. 7,808, ubukulu 1,090 imokolo, 592 square roods. Uxhonywe nge £190; indleko zocando £16 15s ; itaitile 12s 3d.

Lot No. 7,809, ubukulu, 1.976 imokolo, 73 square roods. Uxhonywe nge £188; indleko zocando £17 2B 6d ; itaitile 12s 3d.

Lot No. 7,800, ubukulu 1129 imokolo, 149 square roods Uxhonywe nge £197 ; indleko' zocando £18 Ils ; itaitile 12s 3d.

Lot No. 7811, ubukulu 1,028, imokolo 26 square roods. Uxhonywe nge £179 ; indleko zocando £17 15s ; itaitile 12s 3d.

Lot No. 7,812, ubukulu 1,112, imokolo 258 aquare roods. Uxhonywe nge £194; indleko zocando £17 2s 5d ; itaitile 12s 3d;

Lot No. 7,813, ubukulu 864, imokolo 234 square roods. Uxhonywe nge £151 ; ind'eko zocando £15 10s; itaitile 12s 3d.

Lot No. 7,814, ubukulu 958, imokolo 233 square roods. Uxhonywe nge £167 ; indleko $ socando £15 12s itaitile 12s 3d.

Lot No. 7,815, ubukulu 1087, imokolo 318 Square roods. Uxhony we nge £190 ; indleko zocando £17 10s ; itaitile 12s 3d.

Lot No. 7,816, ubukulu 1,272 imokolo 75 square roods. Uxhonywe nge £222 : indleko zocando £20 4s 6d ; itaitile 12s 3d.

Kwisi Qingata sase Bofolo.

NGOKWE Siqendu II. go Mteto No, J5 1887 kuya ziswa kumntu wonke ukuba iziziba zomhlaba wakomkulu ezikwi Siqingata sase BHOFOLO, ziya kutengiswa nge fandesi, pambi kwe ofisi ka Mantyi e Bbofolo ngexesha leshumi kusasa, ngolwesi BINI, 16 JULY, 1895, ngokwezimiselo zalo mteto ungentla, nangokwe zimiselo ze Fandesi elo, neziya kureliswa ngalomhla we Fandesi, njalo.njalo.

Kubu Felkornet be Wynberg.

Lot No. 1,508, ubukuln 978, imokolo 220 square roods Uxhonywe nge £400 ; indleko zocando £18 3s 4d ; itaitile 12s 3d.

Lot No. 1.510, ubukulu 177, imokolo 508 square roods Uxhonywe nge £70; indleko zocando £9 0s 3d ; itaitile 12s 3d.

KUYAZISWA apa ngokwe Siqendu II. No. 27, Umteto we 1887, okokuba u Rulumente elezimisele ukuyihluta Itayitile nokuba awutate lomhlaba ungezantsi owanikwa ngoko Mteto No. 14 we 1878, okubu Felkornet No. I., ukuba imali elityala kuwo ayihlanlwanga kwisituba senyanga ezintatu kususela namhla.

Lot No. ose Kubusi kubu Felkornet No. I, obungoka John Lokwe; Ityala lawo £8.

FRED. WHITHAM, Umantyi. Kwi Ofisi ka Mantyi,
Ecumakala, 20 April, 1895.

ISAZISO SAKOMKULU.—No. 482, 1895.

Kwi Ofisi yo Mpatiswa Koloni, Cape Town, 7 *May,* 1895.

ESI Saziso singapantsi so Mnumzana owongamele Imfundo, esingokuqeqeshwa ko Titshala abangena ziqiniselo, okuya kuba se Lovedale ngo Jape ozayo, sishicilelelwa ukwaziswa komzi wonke.

HENRY DE SMIDT, Unobhala
Ongapautsi we Koloni

KWI SEBE LEMFUNDO.

Uqeqesho lo Titshala abangeqa Ziqiniselo oluya kuba se Lovedale.

OLUQEQESHO luyakuba se LOVEDALE nge Holide zase Busika, luyakuqala ngolwesi HLANU, 21 JUNE, 1895; iupatwe ngu Mr. W. E. CLARKE, M.A., Umhloli Ziko. Io zakwa Rulumente.

Olu luluhlu lwendawo eziya kusingatwa kumabala atile ezifundo :—

ARITHMETIC.—Ngu Mr. A. W. Roberts, Love, dale Institution.
READING AND GRAMMAR.—Mr. J. Young, B A., B.8c., Normal College, Cape Town.
WRITING.— (Akakanyulwa oya kuyitata).
SINGING.— Mr. J. J. Speneley, Healdtown Institution.
DRILL.—Mr. J. J. Spensley, Healdtown, Institution.
WOOD WORK —Mr. S. French, Public School, Claremont.
NEEDLE WORK.—Mrs. Riches, Capetown.
THOS. MUIR,
Umongameli-Mfundo.

Kwi Ofisi ye Mfundo, Capetown, 7 May, 1895.

INTSHUMAYELO.

NGU MHLEKAZI U RIGHT HONOURABLE SIR HERCULES GEORGE ROBERT ROBINSON, BARONET.

Ilungu le Bhunga elipakamileyo le Nkosazana, lujinga ye Buto le Grand Cross, Yodidi olubaluleke kunene lo St Michael no St. George, Iruluneli no Mpati Oyintloko we Mikosi yo Mnton' Omhle yase Capa of Good Hope South Africa namazwana, nezibhaxa zawo, ne Sandla so Mntan' Omhle Esikulu, njalo njalo, njalo.njalo, njalo-njalo.

EKUBENI, kote emva kwezenzo zokungawatobeli amagunya nemiyalelo yo Laulo lwe Koloni, kubikwe kum ukuba u SIGCAU, Inkosi ye zizwe ezikwizwe elise Alainpondweni ase Mpumalanga, akavumanga ukuba umtunywa ka Rulumente aqube umsebenzi wake wemfanelo :

Kwaye kubonakala ukuba ukubako kuka SIGCAU kwelase Mampondweni elise Mpumalanga kuyingozi kukuzola nokonwaba okukoyo kwelozwe, kwaye kubonakalisa ukuba kopazamisa uxolo nokuzola.

Nokuba kubonakala kum ukuba kulilungelo ukuba u SIGCAU abanjwe nokokuze abekwe kwindawo eya kumlungela, nokuba kukwimida mblaimbi kungekona kwimida yelase Mampondweni, kodwa kwa Pesba kwe Nciba, kwela ba Tembu nase Mbo (Griqualand East) :

Ke ngoko, pantsi kwamagunya endiwanikwa ngumteto, ngokukodwa obhekiselele kwela Pesba kwe Nciba, kwela ba Tembu, e Mbo, nasema Alpondweni, mna, Ruluneli, ndiyazisa ndivakalisa ukuba u SIGCAU ngezenzo nemikwa yake, uzibangele ukuba abanjwe; ndiya linika igunya kwi Mantyi e Nkulu e Griqualand East ukuba iti ukuba u SIGCAU akazinikeli mbambe; ndaye ndingqina ndiqinisekisa ukuba zonke izenzo ezenziweyo, neziza kwenziwa yilo Alantyi Nkulu selikankanyiwe, nezenziwe ngokuqonda kwayo, nanguwupina umkonzi ka Rulumente ekubambeni u SIGCAU, nase kuzikuseleni kwinto eyenziwa neyenzelwa u SIGCAU, nase kubanjweni kwake ngale Ntshumayelo, ndiyinik t igunya le Alantyi ikankanyiweyo nokuba nguwupina umntu oquba iiniyulelo yam ekubambeni u SIGCAU nokumbeka kwezindawo ndizibalileyo, nengati inyulwe ndim ngokwelixesha nakwi zimeko zokukusela ukonwaba nokuzola koluntu ekungaba ngu Aiteto emveni kokubona endingabona ngako, nokuba kungalilungelo ukwenjenjalo ngapandle kokupalala kwe gazi, nase malungelweni oluntu ukuba akululwe u SIGCAU, nokuba anyulelwe indawo yokuba ahlale kwezindawo ndizibaluleyo, ayakuti afumane amaceba emali ayimfanelo yake, kodwa pantsi kwezimiselo ezingaxe-Iwa kwi Ntsbumayelh elandelayo.

TIXO SIKELELA INKOSAZANA
Inikelwe kum nesi Ncamatiselo so Koloni yo Cape of Good Hope ngalomhla we, 11 ku June, 1895.

HERCULES ROBINSON,
Iruluneli.

Ngomyalelo wo Mhlekazi Iruluneli e Bhungeni,

C. J. RHODES.

No. 231, 1895.

H. & J. HENRY

BAFIKELWE ngezintsuku yilemikondo ilandelayo; abanga bangazicela ingqondo zabafunda be IMVO " ngendawo yobuhle nobuncinane bexabiao.

Ikumtye qe Sosi 4/6 ngedazini
Ipleti 3/- ngedazini
Ibesini 2d. inye
Ijoko Zobisi 2/3 qgeqela lezintatu
Iglasi zokusela 2/11 ngedazini
Ipani zokugcada ziqala 1/-
Isospani ziqala 1/3
Iketile 2/9

DYER & DYER, Limited
E-QONCE,

ABAZEKA kunene ngokunika ezona zinto zexabiso elinokubako kubaxasi babo ngemali yabo, bayanicela ukuba nike nize kubona impahla yabo pambi kokuba nitenge kwezinye indawo naniya kufumana okokuba zezona zexabiso elilungileyo kwelilizwe.

Izinxibo! Iblankete!
Ityali! Iminqwazi! Ihempe!
Izihlangu!

EZAMADODA ISUTI	Ziqala	kwi 11/6	ku 50/-
Do. IHEMPE	do.	9d	ku 4/-
IMINQWAZI YAMADODA	do.	1'6	kwe 6/-
EZAMADODA IBHULUKWE ZE KODI	do.	4/6	kuse 10/-
Do. do. TWIDI	do.	3 9	kuse 20/-
Do. IZIHLANGU (BLUCHERS)	do.	4 9	

Ezokutshata Isuti

Ibhatyi ze Twidi emnyama no Saluvayi ngamanani onke Ibhulukwe ezipolileyo ze Twidi, njalo-njalo.

Ezabafundisi Impahla Zentlobo Zonke- Eyabafundisi Iminqwazi Ikola, njalo-njalo

Kwa DYER no DYER, Limited
KING WILLIAMSTOWN.

Beauchamp, Booth &Co
ITYALI EZINTSHA!
ZISA.ND' UKUFIKA.

YIZANI NIBONE!
ZIYAKUNIMANGALISA.

Zezentlobo ezigqibeleleyo zofani ngofani ezingazange zibeko apa e QONCE.

Bonke abavela ngapandla bebefanelwe kukuza kubona ERITYALI ZOBUGQI ngapambi kokuba batenge kwezinye Ivenkile.

Beauchamp, Booth & Co ,
E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN

INDLU yase LONDON,

INDLU engalityalwayo ngempahla yayo ENTLE ILUNGILE kodwa amanani engapaaitsi. Ngoku, pakati kwempahla ekoyo kubalulwa :—

Iblankete Ingubo Zamadoda, Iprinti, Ityali, azifani nampahla apa.

Ikeshemiya zamabala onke zeqiya zamanenekazi,

IWATSHA zamxesha ezingafuni zitshixo ezilunge kunene nge 11 6
Izimanga zamaxabiso nge Wotshi ezifezekileyo kanye 15/
Wotshi nmpahla zitunyelwa nakuyipina indawo unmtu etumele lipepa le Mali lose Posini.

W. LEE & Co
KING- WILLIAMS TOWN.



No. 5.

R . SYMONS,

ELISHISHINI LASE QONCE LE NQWELO NE KALI,

UCELA iroba emzini obanzi ontsundu nomhlope ukuva talisa ukuba unento eninzi yempahla elungiselelweyo ngenyameko ezi iali ne Bagi, njalo-njalo.

Abafuna ukutenga bangaba benze into yengqondo kuba baqale ngokumhambela okanye batumela ukubona lempahla ngapandle kokuba babhekise kwezinye indawo.

Ihanesi 'zehashe elinye nezamabini) nezibepu zekari ngamaxabiso awona ate nca pan ngoku totywa.

Nabakude banokuvisisana naye nganto abazifunayo zale mikondo.

SINGISANI KUYE! BHALELANI KUYE!!
R. SYMONS

BUFFALO WAGON AND CARRIAGE WORKS, KING WILLIAMS TOWN.

HEPWORTH LIMITED, MACLEAN STREET, E QONCE

19/ /6 25/, 28/5 35,
Ngamanani abalingeneyo bonke, Zonkondo obukekayo.

IDYASI! DYASI! IDYASI!

ISUTI Ipela yamadoda elushica, 21s, 28s, 6d 35s.
IBHULUKWE Zobusika zamadoda zikwa lushica 7s, 8s 6d, 21s 6d.
IBHULUKWE Zamadoda zekodi ezilushica gqita, 5s, 7s, 7s 6d. ISUTI
Zamakwenkwe ezomelelyo zobusika, ziqala , 3/11, 5/6, 7/6.

Avule ibhokise Zempahla ebukekayo entsha KWEZAMDODA, AMAKWENKWE. INGUBO ZOBUSIKA. Ezimpahla sizitengisa emzimi ka 33 ngapantsi kwamaxabiso ezitengiswa ngawo kwezinye indawo.

AMA-HEPWORTH, LIMITED

GCINANI ! GCINANI!

E CALA
Kuko Elitye Lokusila,
—NO—
MASHIN BOKUBHULA.
ABANINI BALO NGO

HAMBIDGE NO MORRIS.

BACELA ukwazisa abalimi bengqolowa nombona okokuba bane Litye elifezekileyo lokusila nokubhula—elino Mashini bababini okubhula. Abacinezela i steel nabantlaka amatye nabalungisa i silika ne ivayari abalungisa ingqolowa bayikete. Kwenziwa umsebenzi wonke.

WONKE UMSEBENZI UFUNGELWA UBUHLE.

Eka LITTLE IDIPU Yegusha!



Engamanzi Nengumgubo Inetyefu, yeyona igqibeleleyo itembeke ngokugqite zonke

Ayinatyefu.

ITSHIPU IZIGQITA ZONKE ,
AMAGOSA. AYO-
DYER & DYER, LIMITED.'

Abantu banokucela ezivenkileni abamelene nazo ukuba zibafunele.

KANGELA APA

KANGELA APA!

O BAKER, BARER & CO
EQONCE.

BATBNGISA ZONKE INTLOBO

ZEMPAHLA. NENGUBO

NGAMANANI ATOTYIWEYO KAKULU.

I Lokwe Zamatombazana Nabafazi—I Tyali—I Bhatyi—I Minqwazi

I PRINT!—I SATINI—NEMICAKO.

Ezamadoda, Ndmakivenkwe Izinxibo— Bhatyi— Balukwe—I Minqwazi—I Hempe—I Zihlangu.

YONKE INTO NGAMANANI ATOTYIWEYO.

KWA BAKER, BAKER & CO.
E QONCE.

LEMINYAKA I 18

IGQITILEYO,

SINGENISE KWELI LIZWE

IBLANKETE ZOBOYA.

EZILUKWE NGOBUGCISA OBU BODWA, Igama lazo yi '' EXTRA NAVY or MATTROSS''

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPAULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esiluqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifa nekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENENE, kangel'sa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYU ZWAYO.

ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU

BLANKETE NGAN YE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkele enitengakuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Siya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke,

Peacock Bros. & Weir,
E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala nomfanekiso we Ngonyama

ABANTU NGABANTU

NGO REV. MR. XABA.

NKOSI MHLELI Ndipe indawo yokwazisa umbhaleli wako ukuba asingu Rev. J. J. Xaba we Dayosis yase Mtata ongu Mpriste wokuqala e South Atrica ozipeteyo. Ndinovuyo olukulu ukuba abe unguye, mhlaumbi nombhaleli lowo angavuya ukwazi ukuba u Rev. Wm. Philip wase Gwaba, waba kwelo wouga npo 1886 no Rev. D. Malgas wase Bhofolo. Owako wenene u

D. GUDULA, Igosa lase Qonce.

I CONFERENCE YO TITSHALA.

NKOSI MHLELI,-Ndiqokela kwelika Mr. W. A. Siwisa otelela u Mr. Alex. Msutwana ukuba i Conference yo Titshala iyafuneka kwangoku. Ukuze kanjalo lo Conference ibe nokuquba kakuhle mayibe ne District Meeting zayo. Zona ke zingatabata izipaluka ezimeleueyo nezinokuhlangana ngokulula ngenxeni yololiwe (ezo zinelo tamsanqa). Oko kukuti indawo ezinje nge Somerset East, Bedford, Cradock, Middelburg, Coiesberg, njalo njalo ko Port Elizabeth, Uitenbage, ne Grahamstown. Into ungati kupela ilunyukelwe kukuba kwenziwe konke okunokwenziwa ukuba zibe mbalwa ezo District Meetings, okoke kwenzelwa ukuze zibe nesitunzi ngokwazo, nokuze kube lula ukwazisana ngendawo ezitile ekufuneka zanjiwe njalo. Owenu osel'ecopile,

H. SWAARTBOOI.

Middelburg, 22 June, 1895.

P.S.—Le Conference ke ayichasene ne Teachers' Association.—H. S.

U CAPTAIN VELD MAN.

NKOSI YAM,—Ndincede undifakele lamazwi kwelopepa lomzi. Kwipepa lo 6 kule nyanga kuko incwadi ezimbini e Bandla lase Kapa, enye yeye Nkulu enye yeyelungu laseba Tenjini, zivela ku Capt. Veldtinan. Ndinga umzi ungake uqwalasele into eyenziwa ngulo mnumzana, ngendawo ayibhekisa kwi Nkulu-Mbuso ngenxa yokuba yona engavisisani nabatunywe bama Mfengu. U Veldtman yindoda enkulu nepambili kwinto zombusc pesbeya kwe Nciba, unawo onke amalungelo okuba wamsebenzelayo u Rulumente, watyapa no Rulumente ukumnika amalungelo awasebenelayo. Ulwenzela ntonina ke yena uhlanga lwakowabo? Nai ike mzi wakowetu elona ndikulo, kona ukuba akavisisani nokutunywa kwabatunywa e Kapa, unantoni nalonto? Ukuba ibe ingepakati i Palamente bendiyakwenza amanqaku. Make ndiyeke.—Owako wohlanga,

So'omonvale, Engcobo, 12 June, 1895.

UNCOMO.

NKOSI,—Umbhaleli wako "Olilungu" obhale ngomfundisi wakuti u Rev. J. J. Xaba (ofanelweyo ngenene kunconywa nokuzidliwa siti ngaye ngenxa yemfundo nenkutalo yake emsebenzini), ude wagabadela noko ekubhaleui kwake. Uti " abafundisi bainnika imbeko yokuba ungumfundisi wokuqala kuhlanga oluntsundu (kwi Dioces yase St. John's) ongene ngocinya ekungena abauihlope ngalo—oko kukuti upumelele ngezibuko lezi Greek ne Latin ne Church History, njalo-njalo." "Olilungu" uteta ukuti wanikwa imbeko *honoris causa.'* Angaba kambe uteta lonto kuba uti "ukudubula kwalonteto u Mr. Xaba usebenze nzima." Bendingazi mna ukuba yinteto nje emni ka imbeko engapumelele ngelozibuko. Ke nokuba kunjalo, into endiyipikisayo yeyokuba ngowokuqala kule Dioces opumelele ngelozibuko; kuba ndazi umdikoni wayo ie Dioces yase Mtata owapumela ngelozibuko ngapambi ko Mr. Xaba. Mhla wabekwa izandla lowo mdikoni bati kwa ababafndisi maze afunde, njengesiko, incwadana (Epistle) enkonzweni yokubekwa kwezandla eyayingesi Ngesi. Isizatu soko bati ukufanele, kuba epurnele ngoviwo Iwabam lilope. Enye into uti "Olilungu" u Mr. Xaba ungu Mongaineli (Priest in charge —ngabula yena). Ngenxa yovuyo andinankolo yilonto: sendiyakuva ngo Mr. Xaba ngokwake.

J. MANELLE.

Mnxe, Cala, IS June, 189®.

IBIXHOSA.

NKOSI MHLELI, —Kauke undipe isitutyana kulomvaba yomntu wonke ke ndenze lamazwana aponduia incwadi ebonakele kwi Mvo yomhla we 13 kule imiyo, ibuza okokuba kungatiwa nina ukutetwa isi Xhosa. Noko kulonteto yayo andingebi nanto ininzi yokubhekisa kuba nam ndingasazi isi Xhosa, kodwa ke noko ngokwam ukuqonda ndisati isi Xhosa siyatetwa nakaloku. Lento ati ungeva omnye umntu xa atetayo afake mhlaimbi nokuba ngu "dyamala." Mna andiyise so noko, nokuba lonto ebeyiteta ngokuqiniseka kokwake ukuqonda, noko mna nditi ayinto yanto kuba kaloku nama Ngesi anamazwi awafakoyo ezinye inteto, halupino uhlanga luuamazwi oluwafakayo ingawenye inteto, kwaye ke oko ingekukokuba inteto yohlanga ilahliwe ngokwenjiwanjalo. Ndimve esiti nokuti " maninzi atnazwi ezinye ilwimi alike asetyenziswe njengamazwi esi Xhosa." Ndiyamvumela ekubeni kanjalo, kodwa ke njengokuba besendite lonto ayilahli nteto yasi Xhosa, nanteto yezinye intlanga, kuba zonke intlanga ziyawafaka amazwi ezinye, kungengakuba ke lonto ilahla inteto yolohlanga. Nokuba into eninzi yabantu iti akuseko si Xhosa ngalamaxesha ndiya yipikisa nditi siko isi Xhosa, Sisinina esi sitetwayo ngoku? Mark of interrogation. Nditeta isini ke ngoku njengokuba nditeta nje? Mark of interrogation. Uze ungati wakubona kuko amazwi esi Ngesi uti—Bona ke into ebe ndiyixela ihlile, le bendisiti asiseso si Xhosa lento itetwayo ; hai bawo uze ungangenwa ngulowo moya, akungakuba ndikohlwe ngamazwi esi Xhosa lento ndifaka nawase mzini, uluvo iwako ze lungakutyekiswa yilonto. Noko ke makowetu akungakuba ndiyasazi isi Xhosa lento udibhekisa lenteto emzini, kungokuba ndisazi okokuba mna anditeti lulwimi Iwase mzini nditeta isi Xhosa Ndingade ndibe ndifakela esi Xhoseni sain amazwi esi Mfengu, si Tshaka, s Lawn, si Latin, si Grike, si Ngesi, si Mpondo, nokuba ngamazwi alupina uhlanga solange ndisazi ukuba nditeti isi Xhosa, lonto ayindiniki nevuso eli Uxolo Mhleli ugokugqiba isituba esinga ka ngenteto enganandipisiyo. Owako,

DIESEL T. THAZIBANA

Kingwilliamstown, 22 June, 1895.

IMFUDUKO YABAFUNDISI.

NKOSI,—Njengokuba ndivile kwi Mvo egqitileyo sekusele iveki ezimbalwa ukuba umte ka Dyan Wesile nowe Nkomfa ululanyelwe ngokpti abafundisi abashenxisiweyo babbeke kwi Sakiti zabo ezintsha. Lomteto ke mhle kakulu— ngendawo ezimbini: *(a)* Unika abafundisi amandla amatsha okuzihlaziyela umsebenzi ka Tixo kwizituba ezitsha abaya kuzo; (b) Amabandla abaya kuwo abafundisi abafudukayo abanamatemba ama tsha, nokulungiselela imimoya yabo ulibo ngokuba lento umntu omtsha imnand nokuba ayimfundisi, nokuba yimanty nokuba yitoliko—kubanjalo ngakuma bandla. Ke Mhleli ndiluna ukwalat; into esikwasilimo kubafundisi ngokwabo —ngokuba nakuba engamadoda abumoyi kuko izinto zokutyekela kwinyama.

1. Xa Unyanga-ntatu ecele omnyi umfundisi, usuke abeko lowo utnkayo.
2. Xa i Sinodi ibasbukumisayo ilinga nisa uhlobo enga bangabiwa ngalo, ubakt umfundisi omkayo axoxe avote.
3. Inkomfa yazisa kabini ukuba unants uyafuduswa pambi kokuba iqiniselo ukuba u Rev. Sibanizashe uya ekutini Ngak, umfundisi omkayo usuk azaz, yena nokuba sekutenin uyayishiya i Sakiti. Ukuba udlelwe indlala esatauda isikalazo sake siyeviwa omnye ake ayekwe, omnye axelelw isizatu akutshwa ngaso, Okukwazisw kangaka ngokukutshwa komfundisi ku funwa ukuba ne Bandla lize likubhekis olikubhekisayo kuviwemhlaumbi kunga viwa.

Yabona ke Mhleli, njengom Wesil wokuzalwa nditi, u Dyan Wesile wayequtywa lutando nabubuzalwana ukube anike izaziso ezingaka. Umfundisi nga mnye uba nesaziso (notice) senyanga ,ezilishumi ukusuka kwi kota ka September kuye ku June—emke ngo July Akuko sicaka sifumana isaziso esingak' jiakwezafcwa Rolububende. Ngoku k masingene kumsebenzi womfundisi m Bandla kwezinygDga zilishumi.

Umfundisi ebefanelp ngoku ukuyolel abe siqodolo ukufuna iguuha ezilahleki leyo, esiti nokuti sekusele inyauga ezili shumi ukuba ndayalwe pakati kwenumhlaumbi sohlangana ezulwini. Nditet ke into ezinjalo zokubonisa ukuba indod le iyayolela. Enye into umfundisi omka yo ubefaneie ukuzinikela ngapezub ngokuhlamba ukuba igazi labantu bah Sakiti lingabuzwa kuye.

Ibandla, amadoda amakulu ebefanele ukuyizukisa lendoda ingumfundisi noku bonisa ukuba ,amazwi okugqibela u ziyolelo zomntu zidla ngokuzaliseka-Guqukani, guqukani, isicaka sika Tixo ngoku sivutulula utuli. Into ke ezinjengezo Mhleli. Kunjalo ke kwezinye indawo lento iyenziwa, abantu baguquke kakulu.

Kodwa kuninzi lwabafundisi inyanga ezilishumi ziba lixesha lokuhleba nokugxeka nokunqalasba umfundisi ozayo— izinto ezinjengezi: akafundanga, unomsindo, ulukuni ngasemtetweni, uyakunicita akayikutikelela ezintweni ezitile, uzipakamisile, akayi kuba njengam, akazazi intshumayelo—noze niti ndanditshilo ; uingamkataleli. Inkosikazi yake iyinto etile, niugayincedisi, ze kesibone ukuba iyakuquba njanina.

Mna ndenze oku nokuya, yena akanakukwenza unantsi, uludidi dintile, tina siloluya, keugoko akanakuzalisa indawo yam. Kutetwe ke izinto ezininzi ngulo mfundisi umkayo ezingamadla kuye, nezinto angezizo—kungabiko nanye into entle ayakubenzela. Ola bahlobo, angapeleli apo lomfo: nina ke zenipume ebugoseni sibone. Ndigxotwa ngonantsi nonantsi nibona nje. Anditeti kumaba- ndlana angapandle awabambise intsali umfundisi omkayo. Ade ayokufika nakwindawo zokuba benani. Omnye ahlale liti selifikile nexesha lokufuduka ahlale kulondawo, kunqabe nendlu yomfundisi omtsha—lo ufudukayo kaloku usanyhanyhatela ngobubi balomntu. Andisateti mro " koresmpondwana " (ileta) abatikayo naxa esemkile eyokubhebheta abobantu bebeliqela lake ukubuza inqubo yake nokubancedisa ngokumcbasa. Kwezinye indawo kude kupele neminyaka emibini esabhala umfundisi omkileyo, epitizelisa kukupela. Nam ndidiniwe zincwadi eziti, zeningayivumeli into etile.

Metsho, bafundisi bohlanga! Lento yiyokeni yintlebendwane, ayibancedi abo nibayalayo, ayinincedi nani ngapandle kokuba asuke u Tixo atamsauqelise umfundisi olikayo — kanibone ke ukuba ebelungiselelwe indlela yake, bebunganjanina ubutamsanqa bake ebandleni elitsha akulo. Ngoku xa efika kufuneka ebuyisele ndawonye imihlambi eyalanayo, emalayo naye ngokwenziwa ngumlundisi ongum Krestu nongumzalwana. Kwelizayo ndiyakubhala ngendawo efauele i Bandla kumacebo anjalo omfundisi omkayo. Bota Mhleli,—Ndim, UMWESILE WOKUZALWA.

U LU LEKO.

MPATI MVABA YOMZI ONTSUNDU,—Nceda ufake lamazwana kulo mvaba yako omane utululela umzi wonke wase Aiuka.

(1) Ndiluna ukubuza kumfundisi wase Wesile ukuba utenina akuva incazelo ka "Ngxangxosi" nge Kafu Yamavila? Akukaqondina ukuba wafaka ipupa EMVENI? kuba waungede uti ungumtundisi—umshumayeli wokufa nokuvuka ko Msindisi uti "nina" endaweni yokuti " mna." Ayehlanganisene pina ama Wesile ukuze ati lo mteto we Kalu Yamavila mhle, ulungile? Ndingum Wesile nam, ndipakati kwama Wesile, asiyazi lonto. Kanene wobuya atsho na ukuti ukuxoka sisono ? Njani kanene? Kananjaqo wolisebanzisaua elilizwi; " Umkonzi wo Somaudla opezulu, ufanele ukuteta ineue yodwa? " Njani kanene? Cela uxolo uwile mfundisi ndini, mhlaumbi wabhala ipupa, ukuba lilo akuna tyala.

(2) Nangu omnye umhlola, nokuba lipupa libi. U "Xhosa" uti IMVO yeya Matafengu. Andikolwa ukuba ngum Rarabe lomntu, nokuba ngum Gcaleka, nokuba ngum Tembu, nokuba ngum Sutu, andisateti kona ngenqu ye Mfengu. Panel' ukuba zezintwana zesitilata lo upupe ipupa elibi kangaka.

(3) Kuko nenye inteto evakala kakubi etelekisa aba Fundisi evela kwinene lase Rode, iti u " B. M." lenteto yomdaniso uyibhekisa ku Mr. J, Mqoboli kuba enguye ongekoyo kumqulu we Mvo. Ngati inene lase Rode alazi ukuba ngu mfundisi, kuba udodana olufuudileyo oluzi titshala ezikolweui ze Rona zabafundisi, lunye nabafundisi. Ngawo la madodana amana ukupuma kwelo bakala lokutitsha Iitate ubufundisi. Limdaka elobala lokuba ngetuba lokuba engeko kumqulu we Mvo makube kubhekisele-Iwa kuye ugokuti " Etnbo IMVO ayitatwa kulityalwa ludaniso." Ndicinga ukuba no J. S. Mkam uya kuyiroxisa lonteto. Kuko amanye amabala endisaliudeie impeudulo zabanye, ndiya kuwavelisa nawo nokuba lingaba eli asibala lokutelekisa.

J. D. MJILA.

NGOMRUMO WEPEPA.

NKOSI MHLELI,—Kauncede Mhlekazi omhie undipe isituba kwelo pepa latnatshawe ase Africa. Ndiva ndiuyaozelekile ngentliziyo yam yonke ngendawo endiyive kupepa lika June 13, kundawo ati u Mr. E. N., elipepa mawunyuswe umrumo walo. Ke udiya vumelana naye mna. Ndingavuya ete namhla ama Africa ayitata ngozuko lento kuba iyintonga yokusimelela yom Africa Ke tina bayiqondayo asifuni ukuba iwe pantsi ieutonga, kuba nxa ite yawa pantsi sakuba ngabantu bentiekisa kwezinye izizwe. Wondixolela muumzana ukuteta yinto emandi. Uze undincede uyifake nokuba kuxinene mzukulwaua ka Jabavu. Ndim ozitobayo,

P. S. J.

Johannesburg, June 18, 1895.

Ibandla Nabantsundu

UMTETO WASE MONTI.

Indlu Yengwevu ingene e Komitini ngo Mteto wase Monti ukuwuqwalasela. Isiqendwana sa 30 sesiqendu sesi 6 " esingama Asiya na Bautsundu" zivuse lengxoxo:—

U HON. MR. PEACOCK ute akazi zizaiu zokuba e Monti kufuneke imiteto yoluhlobo. Mababe Abantsundu base Monti bebefudnla bengaqubi kakuhle, kodwa ngoku kuko inguqleko enkulu angaboniyo ke ngoko mf uneko yomteto woluhlobo. Kukankanywa uninzi ekutiwa luhamba ezinkantini oluyingcapukiso ezitalatweni. Yena ubona ukuba iyeza linye lalento, ezinkanti zinxilisa u Ntsundu mazenzelwe imiteto engqongqo. Lomteto unika igunya eligqitiieyo kuma polisa. Ute lomteto wapula eyona mnato ifanelekileyo yokuba sibapate ngayo aba Ntsundu, keugoko uvakalisa incaso yake kulomteto.

U HON. MR. WILMOT uvumelene ne nene elisandukuteta, wabutandabuza ubulumko bokuba sivukelane nabasebenzi betu. Ukuba bokuko imfuneko yalo mteto utenxileyo ngewacelelwe wonke umzi akwanyulwa indawo enye. Nangapandle kokuqwalasela isiqu sawo lo mteto. into yokupumeza imiteto ngamapika kule Nkundla imbi, kengoko mauqatulwe.

U HON. SIR H. STOCKENSTROM uvakalise incaso yake, wati ingebi bulumko, kanjalo bona kulo Nkundla njengabahluzi ngebe wuqetula lomteto. Ayitandabuzeki into yokuba e Kapa ingcapukiso yokuxinana kwezitilata ngabebala iko, kanti ke ukuba bebeyakuti ngesosizatu bacele umteto wokubanyanzela ukuba bangahambi kwezabantu izitilato bahambe kweze nqwelo bekuya kubako ibipendu. Ngokwase Monti akaboni mfuneko yalo mteto kuba alinangxakeko zidluleyo kwezinye indawo ezinje ngoma Bhai. Ezi ncukwancukwana zale miteto zimbi.

U HON. MR. WIENAND ute i Monti ikwimeko ezahlukileyo kuba Amaxosa kona arwada kwanezinye indawo kule Koloni, yaye imikwana yawo iyenganyamezelekiyo ku Hlope olungefumane luyenze into yokuba lungene kwindlwana ka Kahle, okunye lweyamane naye esitilatweni. (Intsini.) Kuko oke wati ukuba kuko imfuneko yalomteto e Mouti ngeyiko nalapa. Lento yalata ukuba u Ntsundu Iwase Kapa Iwahluke kakulu kunolweziuye indawo. Umise inyawo kwindawo yokuba u Hlope Iwase Monti ngama Ngesi, angena kurorelwa ke ngokuba anga kulomcimbi aqutywa luluvo olubi ngako Ntsundu.

U HON. MR. 'BELLINGAN ute uyatemba ukuba esi siqendu asiyi kuqetulwa kuba u Ntsundu Iwase Monti luse kakubi. Imiteto ecalula ibala ituneka kwada kwati peza, kuba imiteto equka u Hlope no Ntsundu ayilungi.

U HON. MR. HERHOLDT ute uyavuya i Monti ibakokele nje kulomcimbi owawukaukanywe nali Bhunga Lomsebeozi (Labour Commission). Unetemba lokuba imini ayisekude oyakuti wonke umzi utate elikondo. Ute lemiteto iya kunceda u Ntsundu ngokwalo. Malukonxwe ukuze lusinde eluselweni. ' Okukona siziqinisayo ituma kokona sibancedayo. Free State nase Transvaal kuqutywa ngale migaqo, kanti aziko iziroro kona. (Y'iva, yiva),

U HON. MR. RHODES ute esi siqendu asibbekiselele kuzo zonke i Netevu. Kuko abakululweyo ngumteto ka Hofpieyr nabauamaxabiso a £75 obutyebi. Lomteto wona uzingela uburwada kupela. Maungkangelwa njengo Mteto ojonge

yiva. Kuko into engumangaliso: le mxoxo yabantsundu iza kubadibanisa abamhlope kweli lizwe babe yimbumba yamanyama. Oko waye kwa Komani kweza kuye ama Bhulu nama Ngesi ecela yona lento yokuba untsundu mayahluke impato yalo kuneyetu hlope. Akusayikuze ubuuye bubeko kwelilizwe de zibe intlanga ezimhlope zimanyene, uyavuya ko ukubona ukuba umzi omhlope uya dibana ngontsundu ukuba abekwe kwa " nti-zitshile."

U HON. MR. VAN RHYN usixhasile esi siqendu.

U HON. MR. NEETHLING utelempato iyakulwenza untsundu ukuba luzipate

U HON. MR. PEACOCK ute ngokushicilelwa kwalomteto unenkolo ukuba uninzi e Monti belungayazi into epakati kwawo lomteto. Inkulu inemincili ngendibano yohlope, ngabula yona, pezu kwempato yomnyama. Kokwake ukubona imvisiswano iyakubangelwa kukn ba siqube ngendlela yezizwe ezikanyise-Iweyo ngokungenzakalisi inkululeko yowetu kwelilizwe. Ukuba ubenenyaniso yokuba lomteto uza kulwa noburwada bodwa ubeya kuyekelela, kodwa uyazi ukuba akunjalo, lomteto wenzelwa ukubandezela nabahambi betyalike, Asimteto waburwada wona lo ngowebaia. Ekubeni ke yena ekolwa ukuba untsundu luzipete kuhle uya kuwuchasa lo mteto ongenanto yimbi oyakuyivelisa ngapandle kobubi.

U HON. MR. VAN DEN HEEVER uyale i Bandla ukuba lingawasiso amafedelele adwekeshwa ngumhlobo wake obekekileyo (u Hon. Mr. Peacock) kuba ilihlazo elinganyamezelekiyo indlela yokuzipata kontsundu Iwase Monti. Amanenekazi ase Monti aswele nendawo ahamba kuyo. Iyafuneka le Bhili yaye ne Monti ingahilizile kulo mkondo iwutatileyo.

U HON. MR. DE VILLIERS ute kungenziwa umnyinyiva ngosuku Iwe Cawa mayelana ne yure ukuze bakwazi ukuya ezityalikeni zangokuhlwa ngokukodwa ekubeni kungeko ngozi yakuya nkantini ngobobusuku.

U HON. MR. RHODES walate ukuba e Kimberley abafundisi babahambela ezilokishini zabo abamuyama, ekoba njalo ke nalapa.

USIHLALO ute ngokuyelele entetweni vomhlobo wake obekekileyo (u Hon. Mr. Peacock) yokuba akangewuchase umteto wangasese womzi, walate ukuba ngapandle kokuba ibe ite lonto yasekwa emtetweni ayingelunge. Umteto uluchasile ucalulo, ke ngoko kuluneka lenkundla yenze umteto wokukwelelisa leyo ngxakeko.

U HON. MR. WILMOT ungenise isihlomelo sokuba bakululwe abafazi kulo mt'-to.

U HON. MR. PEACOCK ute endaweni yo " ntsundu " makufakwe " abarwada " —(intsini)—kodwa wabuya wayekelela.

Umteto wamkelwa njengoko unjalo ngapandle kokulungiswa kwamazwana angaxelini. Yamiselwa i Bhili uktiqwalaselwa kwelandelayo intlangano ye Ndlu.

Inqubo ye Lizwi.

Irabe.

EDWARD'S MEMORIAL CHURCH.

U May yinyanga yokupela konyaka we Edward's Memorial Church yase Bhai. Nje ngesiqelo nanonyaka ngalusuku lutile ku May yabe iyimini enkulu yokukumbuza ukupela konyaka, kwenziwa ingxelo zomsebenzi, kwanokuma kwe inali. Isihlalo sasigcinwe linene elibekekileyo lale dolopu, u Mr. J. Mcllwraith, epahlwe ngo Revs. Messrs. Dower, Gifford, Pritchard no Mr. Geo. A. Ross, owayetolika. Umhlali ngapambili uvakalise uvuyo Iwake ngembeko ayinikiweyo ngokuce-Iwa ngumuini walomzi ukuba azokongamela leutlanganiso, kuba kuya kumnika utifi ngenqubo ye Lizwi pakati kwaba ntsundu, kwanendlela abalixhasa ngayo. Ute yena ungumqeshi omkulu wabantu abantsundu, esitoreni sake yena unenkolo enkulu ekuqesheni abantu abapantsi kwempembelelo ye Lizwi; kuba ufumana yena kumava ake kuko umahluko kubantu abantsundu. Ute nyakenye wake wacelwa ngumnini walomzi ukuba aze kongamela intlanganiso ekwanje. kwati ke kodwa ngenxa yezixakeko akabi nako, nakubeni weuza isitembiso. Ke namhlanje ngobuko bake apa uzokuzalisa elodinga. Ate ke wacela umfundisi ukuba enze ingxelo.

U Kev. James Pritchard wenze ingxelo ende nentle kunene ngenqubo yomsebenzi we Edward's Memorial Church. Ngasentloko ute letyalike ngumondli wosapo waseMaxhoseni. Lendlu yondla amalungu e Ramente zase Maxhoseni, kananjalo yandisa i Ramente ezingapandle, kuba bebaninzi abagoduka bengama lungu, kodwa babetike bengengawo. Ute ngoku le Ramente yenza imisebenzi engapandle, Dukula, Ntambomvu, Mpundu, North End. Kwa Ntambomvu uzakwaka isikolo sabantwana, ucele umhlaba wokwaka kwi Council yamnika. No Rulumente usele pendule ukuba isikolo eso wosincedisa ngemali. Ngoku ke sesikangele ukumiswa kwe sikolo eso, kwanokafunwa kwe titshala. Uncome ukuvisisana kwake nabancedisi bake, ate yimfihlo yempumelelo yomsebenzi wake. Ukaukanye ukuba kuko i Society yamadodaua esandulukuyilwa. Umgqaliselo wale Society kukuhlaziya amadodana kwinto zentlalo yobubom, kwanokugcina imali. Inyanga ntandatu yayilwayo. Imali yayo selingapezu kwe kulu leponti.

U Mr, B. Sinuka wenze ingxelo nge sikolo semini nese Cawa, yamfutshane. Into epambili epaulekileyo, ibe ngaba ntwana ukungezi kwabo kakuhle, abati abazali babo babakupe esikolweni baba qeshise.

U Mr. Ed. Ngesi, Secretary ye Ramente, wenze ingxelo yemali ebe yentle kunene kuba ibonise umncono we £17, Imali ehlanganiswe yi Ramente nonyaka yi £316; Incito yayi £299; imali idibem neyase lu Sutu ipantse ukuba yi £500.—Kambe silindele into ezing nezulu kozayo. Kulengxelo sipaule esitwe:-A-bafazi be Ramente bahlang sa pakati kwabo £12—batengela umfun ,i nomfundisikazi amabhaso amahle. Kwakons babhasela i Ramente ngezitya umtendeleko ze silver. Iramente yanit Church Union yase South Africa £11. 'amentt yanika i London Missionary Society England £20—yayi mali yesikumbuzo seminyaka eyi 100 i Society leyo i

U Rev. Mr. Dower uvuyisene umfundisi ne Ramente ngale ngxelo Ut(amadodana aze angayiyeki i f. iety akuko nto ongapezu kwemali ukuy iina

U Rev. Mr. Gilford wenze isiyalo sim nandi esiti i Ramente maze iz agist kulomsebenzi mhle.

U Mr. N. Mbambani usbukumist umbulelo ku madyakana netoliki, nabt buti beminikelo. Kwadunywa.

U Mr. Geo. A. Ross ushukumise ivot yombulelo kumhlali ngapambili, wasi ngisela ngamazwi amafutshane ngohlobc asilwele ngalo u Mr. Chairman kumcimb wa Maxamba. Yesukayema yonke indlu

Umhlali ngapambili ngamazwi abuhlu ngu, ute namhlanje uvuleke amehlo ukuba umntu ufuna ukubona umsebenzi owenziwa ngabartsundu kufuneka ezt kwintlanganiso inje. Emva kwesiyaka sake, ute naninina xana afuqwayo uyi kuza. Xana kufunwa uncedo kuboziwa kuye. *Pambili! Amen.*

Bonke abanabantwana baya kuvuyise ka ukuva imbhali ka L. B. Malford wase Plainfield, N. J. Inkwenkwana yake eminyaka mihlanu yayine sitepu sabantwana. Intsuku ezimbini nobusuku bazo walinga inkita yamayeza awayi nconywa zihlobo nabamelwane. Uti "Ndaqiniseka ekubeni ndiya kupulukwa nguye. Ndake ndabona isazisc seyeza lokohlokohlo lika Chamberlain ndati make ndilinge okokugqibela, ndivuyiswa kukuti emveni kokumpa kabini walala kwada kwakusasa. Ndabuya ndampa ngomhla olandelayo wapila Eliyeza ndiligcina endlwini yam ukuzt kuti kwakubako umntana ongati uza kuhliwa sisitepu sendimpa Iona kupela kf ngalo. Litengiswa kwa R, Lumsden anc Co., e Qonce.

BENGU.—Beeine Tea meeting apa ngo mhla we 19 kule imiyo, ete ke yangento yona emini ukukwelela ixesha le Conoerl ne Magio Lantern ezitabate izihlalo zazi ngokuhlwa. Zaye ke ezizinto zisenzelwe amatyalana ebesinawo esikolo. Obobusukt abnsayi kwandula bulibaleke emehlweni nase zindlebeni zababeko. Beaine kwayaka ezimbini, eyalapa ku Bengu ipetwe yititsha la yakona a Mr. Moses D. Mali, neyake

INTLUNGU YO MHLELI

Kusivisa intlungu ukubona amawetu engati ayafeketa ngomsebenzi wawo —IMVO—ngokumana epuma ewushiya wodwa. Sicela abasivelayo ukuba benze imvuselelo ngentlanganiso ukuba kungeniswe amagama abantu, kuvuswe nabaroxayo baxase umsebenzi.

AMANANI EZINTO.

IMARIKE YASE QONCE—Ngolwesi Bini, 25 June:—Inyania yeukomo 111 ne 4d, eye gusha 3d ne 4d ngeponti ; Ibhotolo 9d, 1/7 ngeponti; Amaqanda 10|d ne 1/11 idezini; Ihabile 3/9 ne 4/4 nge 100 leponti; Itapile 8/ ne 10/5 ngengxowa ; Umbona 4/6 ne 5/6 n«e 100 leponti; Amazimba 5/6 nge 100 leponti; I orenji 1/6 ne 4/ nge 100; Inartyisi 3/3 nge 100; amatanga 1/3 ne 2 6 idezini; Imbotyi 6/ nge 100 leponti; Inkuni 5/, 26/ ngeflara.

Native Opinion & Guradian THURSDAY, JUNE 27, 1895.

THE WEEK.

FROM all sides come reports that wheat has gone up in price.

AMATONGALAND has become British territory to the intense joy of the inhabitants.

THE King of the Belgians has bestowed Leopold's Order on President Kruger and Dr. Leyds.

SIR WALTER HELY-HUTCHINSON, Governor of Natal, will also visit Johannesburg early next month.

THE influx of people into Bulawayo is said to be unprecedented; a string of families lining the way to that place.

CAPTAIN VELDTMAN, of Fingoland fame, has taken a trip to Capetown, presumably on public business bent.

IT is stated to be the intention of ths Transvaal National Bank to start branches at all the principal coast ports.

THE British Ministry has resigned on a vote on the Army Estimates. Lord Salisbury is engaged in forming a new Cabinet,

EAST LONDON has decided to raise £75,000 for local improvements—such as electric trams and light, waterworks, town-hall, etc.

THE *Frontier Guardian* reports that there are twenty cases of small-pox in the neighbourhood of Roodenek, and one case at Umhlanga.

THE fall in Australian wool is estimated at 17 per cent, for the season, which means a total loss of over three-and-a-half millions sterling.

SIGCAU is to have his conduct since the annexation inquired into by a Commission, of which Messrs. Stanford, Scott, and Jenner are the members.

MR. RHODES has subscribed £100 towards the Kingswood (Wesleyan) College at Grahamstown, of which the Rev. Theo. Chubb, B.A., is headmaster.

MR. JUSTICE BARRY has, by proclamation, been assigned from the 24th inst. to the Bench of the Supreme Court, Capetown, to try appeals in the absence of Mr. Justice Buchanan.

SIR MARSHALL CLARKE, who is administering Zululaod has received the compliments of the Governor of Natal, on his knowledge and judgment of Native character.

IN the Cape Parliament an important amendment was carried against Ministers altering their proposals to light railways, against which they had strenuously argued. Still Ministers remain.

THERE is a scheme on foot for putting a large tract of land under irrigation in the Steynsburg district, by constructing a large dam or dams on the hills lying between the Steynsburg and Molteno districts.

WHOOPING-COUGH is very prevalent at Rondebosch. At a meeting of the Municipal Council, Dr. Hewat reported that the malady had assumed almost the character of an epidemic, and two deaths had resulted.

THE South African Political Association has passed the gauntlet of a public meeting and its foundations appear to have been well and truly laid. Mr. Rose-Innes has delivered his presidential address.

THE Fingo Deputation to Capetown, in connection with the Glen Grey Proclamation, proceeds to Capetown towards the end of the current week. Rev. S. P. Sihlali is one of them; and the Editor of this journal was elected in his absence.

THE Hon. J. H. Hofmeyr's speech, at the complimentary banquet given to him on Tuesday week by members of Parliament, was very characteristic. " Sick of the present " the hon. gentleman " clung to the past " and so whiled away the occasion.

THE death sentence passed upon Uzizwezibili at the Newcastle Circuit Court by Sir Walter Wragg, for rape committed on a Native girl, six years of age, has been confirmed in Natal. This is the first occasion upon which the death sentence has ever been confirmed in a case of rape; that is, in Natal.

THAT was a very good rebuke that the Magistrate of Pert Elizabeth gave to a witness. The witness was prosecuting a Native for trespass, and in the course of his evidence he said: "I found a nigger there." "Say Native, sir," said the Magistrate; " I will not have the word ' nigger ' used here."

UHLOPE luwanxanelwo gqita ama Mpohdo. Saye isizatu soko singasazi kuba esi sizwana sisebutatakeni naseburwadeni obukulu esingede sitelekiswe nomzi ongaka we Koloni okokelwa ngu RHODES. Sinosizi ukuti izicaka zika Rulumeni zikwenza konke okusemandleni azo ukukaulezisa imfazwe. Iti into incinane yenziwe into enkulu. Kwesikuvileyo ikwayilonto nakule into yanamhlanje. Into esiva ububi ngayo kukubona ukuba i Ruluneli ifumane yahendeka lula lilize. Asitsho ukuti kumalungiselelo empato ekapukapu ka SIGCAU xa angaba uzinikele asiwunakani umnwe ka Sir HERCULES, kodwa siti u Rulumeni ufumane akolelwe nayipina into etetwa ngelasema Mpondweni. Kuko amatyutyuva atile amipapu apezulu ate abhalela kwipepa lase Kokstad i *Advertiser,* emtshaba kuma Mpondo. Inteto yelopepa yakutelekiswa neyencwadi esiyamkele ema Mpondweni, esiyishicilele kweledluleyo iveki ipepa, ibonakala ekuhleni ukuba ayinanene. " Kungene eli- " nye idindala endlwini laxela " ukuba u Mr. GLADWIN uko, u " SIGCAU ute lama Ngesi ezamana " nokundicapukisa nje enzanina. " Puma uwaxelele emke kwangoku. " Andifuni kuwabona. Ndiza ku- " teta nabantu abamnyama ; aba- " mhlope andifuni ukubuye ndibabone kulomzi wam. Upumile " u SIGCAU waya kungena kwenye " indlu ; waza u MZANYWA wabaleka waya kuxelela amadindala ukuba " asabise abelungu kuba kuza kuhla " into embi, watsho esiti inkosi " iyokutata umpu. Okwenene ke " u Mr. GLADWIN neqela lake " bemkile babuyela e Flagstaff " ukuya kubikela imantyi; yileyo " ke imbangi yokubanjwa kuka " SIGCAU." Intoemayiqondwekweli bali ukubanjwa kuka SIGCAU okusekwe pezu kwalo, akuko nto ke yatetwa ngumlomo ka SIGCAU ku Mr. GLADWIN neqela lake. Into ekoyo kubutwe inkukuma ye nteto echolwe emazaleni engapumanga emlonyeni ka SIGCAU, yaza ke i Ruluneli yakupa isimemezo soku-banjwa kuka SIGCAU. Kungabuye kubeko intswela bulungiaa egqitileyo na kunale ? Incazelo yama Mpondo siyishicilele kweledluleyo ayakuti ke u Rulumeni ne Palame- nte agwebe ukuba yinqubo efanele-kileyo na pan tsi kombuso we Nkosazana. Kona kwelixa arore- Iwayo u SIGCAU wayepezu kokulu-ngiselela ukuncedisa ekubhaloni izindlu ukuze zingabhalwa ngaka- bini indlu inye nerafu kwacgoku- njalo.

ISIMOMO SASADLALI.

DR. W. GRACE wamkele uzuko namhla olumfaneleyo kwindlali zalo lonke elimiweyo. Ayimangaliso into yokuba iti intshukumo eyaqalwa yi *Daily Telegraph* yokuzinyaswa kwalo njengele yendlali ibe namhla ilizalise lonke elimiweyo apo ulwimi Iwama Ngezi lufikelele kona. Kusivuyisa kakulu ukubona ukuba untsundu alukutshelwanga ngapandle kulento ukuze ibe ntle ibe yeyoluntu lonke. I Sesitemba ke ukuba umzi wakuti

nianga lutande ukuzimanya nati. Siyazisa ke ukuba ipepa lokwamkela inkozwana ezirolwayo ngumzi ontsundu likule ofisi ye Mvo. Uinntu makangaroli ngapezu kwe 2/6 kungabi ngapantsi kwe Is.

AMANQAKU.

Ubumfama.

Uninzi Iwabantu lusixakile kanye kwinto zase mbusweni. Bayishase kabuhlungu irafu yukutya kanti baya mbedesha umntu ongenita lorafu. Obu ubumfama abunayeza.

Abatunywa Kwakona.

Abapikele ukuti umzi wase Mamfengwini ukoliwe yilento yase Glen Grey, bankauizela into abangayaziyo kuba umzi wase Mamfengwini awuvumi ukutota kwinto yokuba ude uye kuzibuzela ubuso ngobuso e Kapa. Enye imbizo elungiselela oko ibingene e Cegcuwana kwa Mr. Campbell Kupe ngolwesi Hlanu olungapaya kwale idluleyo.

U Dwebile Utyeb'akawoti.

Ute umhambi otile kwelase Ireland epelekwa yinkwenkwana wati akufika kwinduli etile kwatiwa yi " Tafile ka Satana le." " O I" watsho ukotuka kwake. Behambele pambili bafike kwenye kwatiwa " situlo sika Satana esi." Uvakele esiti lomhambi u Dwebile utyebe akawoti kule inimandla. Ute umxeleli wake, ewe lo Dwebile li Ngesi elihleli e England elingumnini walomhlaba

Ukufundiswa ko Titshala.

Ititshala ezimhlope ezidibene ngoqeqesho ngezi Holide e Rini zimakulu mabini ; ezintsundu e Lovedale zikumashumi asixenxe. Sizinqwenelela ixesba elimnandi zonke kwane hambiselo pambili engqondweni zomsebenzi. Siva ngom'bhaleli ukuba e Lovedale uinntu uzenze indidi ezimbini—esezine satifikiti nezingenazo. Siyatemba ukuba kobako owosipa indaba ngalengqungqutela yotitsbala. U Dr. Muir uyakuke naye awuvelele umsebenzi.

Abasebenzi.

Ezi Kwatini zase Kimbili kufuneka abavangeli kakulu. Umzi uyazi kambe imeko zalonisebenzi okokuba akuvumelekile ku Ntsundu ukuba lungene kona ngapandle kokuba Iwamkela impato yase Mngxunyeni. Kufunwa amadoda aya kuzikanyeza avume iikupatwa kakubi ngenxa yamakowawo kunokuhlala ekonwabeni imipefumlo yenyambalala itshabalala Ukuba kuko abantliziyo zivumayo ukuya kululwa olululo lulungileyo masibacacisele okokuba bayakuba ngabaqeshwa, bembe ezikwatini, bashumayele ngezituba. Onoluvo ngawo lomsebenzi makabhalele kumfundisi wakona u Rev. J. Morris.

Ngo Laulo Iwa Pesheya.

Nakuba u Lord. Rosebery eseneqela elininzi kwi Bandla lase England, unyanzelwe yimiteto yobunumzana base England ukuba awuyeke umsebenzi wokulaula akuba egityiwe omnye wabapatiswaabapantsi kwake, u Mr Campbell-Bannerman, kumsebenzi wobulungiseleli be mikhosi. Into ebekungayo ngobusuku bolwesi Hlanu yiruluwa. Uti umpati wanele umkbosi, aye amanene e Palarnente, agqite kwiqela elivumelana no Rulumeni nge 7, esiti ayanele. Uroxa ke ngeliti akatenjwa u Mr. Campbell-Bannerman, abate ke nabanye bayitabatela kubo lonto. Waba uyaroxa wonke umbuso.

Bekuseko Imihlaba.

Kanti ke beroxa nje bekuseko imihlaba yokuba bawuqube umsebenzi. Bebenokuti lento bayinyatele ngenyawo, ngobuncinane bayo, okanye basebeyivala i Palarnente ukuba kuyulwe entsha—into ke leyo ebihlalel' ukwenziwa kakade. Abawatatanga ke omabini lomaroba. Basuke basebepuma. Ngokoke batsho waxakeka umzi oyi Opozishini kuba ubungalungiselele nto. Abalauli bebesebe kolwe ngamaxbala okuba iqela labo lingepi ukugqila kwele Opozishini. Yiyo lonto bapumileyo.

Bazincedile.

Abayiqonda kakuhle imicimbi yombuso ababulibali ubulumko aqube ngabo u Lord Rosebery kulomcimbi. Ngesi sizatu—upepe ingxakeko yokuba abe engu Rulumeni xa kunyulwa i Palarnente entsha, ngoko ke ajongwe kuye amacebo okugqibela okulungiselela imitelo yokunceda umzi, ibe i-Opozishini ichopele ukubonisa ukungabini kwawo kupela. Akulula ku Rulumeni wase England ngexesba lonyulo. Esiti ke u Lord Rosebery upepa lomaxhala. Kwakona iqela labo le Liberals likukalipele ukulwa xa lingenguye u Rulumeni. Lonto uyayazi u Lord Rosebery nowabo ; uyayazi nento yokuba umzi oma Ngesi udla ngokutyekela ekuncediseni iqela elipandle kolaulo ngevoti zawo. Ngesi sizatu ke uzincedile oka Rosebery. Ngokwenqubo namacebo abecinga ukuwaquba oko ebeselulaulweni ubeqube kakuhle kuuene—nentshaba ziyancoma.

Opatiswe i Koloni.

U Mr, Chamberlain, opatiswe i Koloni kulo Rulumeni mtsha, ngumnumzana ongqondo ihlambulukileyo, onobuhlobo kwakudala ngakwizizwe zintsundu. Unobubhetele kanye ku Lord Ripon opumayo. Sinenkolo ke ukuba indawo zabantsundu—ezinje ngalo inteto ucalulela umzi impato embi wase Monti—ziya kuvelelwa ngemfesane embusweni ajengokuba ingu Mr. Chamberlain nje owongamele imicimbi evela kwi Koloni.

Umanyano Ngezombuso.

Umzi oma Ngesi uqala into ebukekayo e Kapa yotnanyauo lokuqwalasela into zoinbuso. Ixesha eli lonke ube ungenayo into enjalo—ungo ma Bhulu wodwa onayo. Lonto ke ipumelele kwinto yokuba abe maninzi amalungu Embumba yama Bhulu e Bandla, abe awama Ngesi eyimpasaiala engadibeneyo. Olu manyano luza kuzama ukupelisa into ezinjalo. Luqube ngentelekelelo ukubeka u Hon. J. Rose-Innes kwindawo epambili; aye amanene ango Mr. J. W. Jager no Mr. R. R. Brydone eselenamaziko kwinto zolungiselelo kuba kungenkutalo nengqondo yawo elapumelelisa i Kapa isitandatu samadoda avanayo. Silinqwenelela impu- melelo eliliuga.

Apo Losule Kona

Apo lifike lancamisa kona kukwindawo yabanokuba ngamalungu alo. Lendawo yenzelwe iqinga elihle kunene lokuba abanokuba ngamalungu ngabavunywa ngabapati kupela. Kulunyukelwe ke ukungena kwengcuka ezambete ulusu Iwegusha, ezingafika ziqwenge zakuba pakati. Intlanganiso —nokuba lumanyano—lwabantu abangebanye ngompunga izala isixovuxovu. Olumanyano luyivelele ke londawo. Luyakuqaba ke. Siyavuya ukuti luyatelelwa kunene e Kapa. Kwane ntlnnganiso awenza intshayelelo yake kuyo u Mr. Innes ngobusuku bolwesi Ne olugqitileyo yayiyenkulu nganirokuba kunqabe indawo yokuma. Nakwezinye indawo kulungiselelwa ukuba lube namasebe. Maluchume, lwande, kuhle

" Ikomityi " ngo Sigcau.

Iya kurorelwa ngabo bonke abantu abacinga kakuhle into yokuba u Sigcau kutiwe umcimbi wake maucikidwe yi " Komityi "—ize nayo ibe ngo Mr. Stanford, no Mr. Scott, no Mr. Jenner. Elinene lokuqala indawo yalo yeyobungqina bokutshonisa; u Mr. Scott angaba ugqite ne Nkulu ye Ngelosi ngokulunga ukuba seleyilibele impato yake yokuvalelwa pandle ngama Mpondo oko waye Liliso lika Rulumeni. Kunjalo nje le Komiti yeyokucikida isimilo sonke selitshawe oko langenayo elama Mpondo kule Koloni. Bupina ke apo ubulungisa ? Simcebisa u Sigcau ukuba lomcimbi awunikele kubanzimteto abakulu—abanjengo Mr. Solomon, Q.C., no Mr. Searle, Q.C.

Akuqondakali.

Ingxelo ezivela e Kapa zibonisa ukuba akuko invisiswano pakati kuka Mr. Rhodes nabalingane bake. Oku ke kusisiqimo senqubo yake awati kuxelwa ukuba makabeke izito ku Mteto wo Kwekwe nowase Glen Grey wati endaweni yokupulapula iziluleko zamadoda anengqondo nawaziyo umbuso wapukuzela namawokowoko angenalwazi. Namadoda ayitetelelayo Inkulu ngokuti mayike ilingwe lemiteto, akayifihli into yokuba ayilunganga. Ngoku isipani sika H J Mr. Rhodes sixingile. U Ndyebo (Sir Gordon) ute ngelake esiti ucima amadangatye empainbano we di ipalafini watsho zatata iminqwazi into zo Heevei, umkokeli wabacasi bo Mteto we Bhula. Mubi ke umcimbi ngoku. Kuko iqela kuma Bhulu elizimisele ukuba u Rulumente ke limbete ngoluka "Bhenyha" ngokumkupa.

Lumkani.

Kufuneka siwuvusile umzi ngoku- mayelana nezaziso ze venkile ezikweli pepa. Kumadoda ahambisa umsebenzi wevenkile neminye kuko atanda ukugcina amagama awo amahle ukuza amashisbini awo alunge. Kuti ke ngenxa yesisizatu umntu ongxamele ukulungisa ishishini lake nokukonza abaxhasi bake angene enyamekweni enkulu yokufuna ezona nto zintle nezilungileyo, kuze kwindawo elandelayo azame amanani ake ukuwatobela ezantsi ukuze abatengi bake bangatinjwa ngabanyo. Ukugqibela akuba ezifezile ezindawo angene endlekweni yokwazisa emapepeni, abe selezibopelele kwindawo nzihlokomisayo. Yilento sihlala sisiti abantu mabakupata IMVO xa baya kutenga bayivelise kumlungu lowo. Sifumanisa kwipepa lakwa Komani eliyi *Free Press* ukuba umfundisi otile ontsundu owayevela pesheya kwe Nciba, ute xa eza e Komani wahamba ebuza i venkile ka Mr. Seymour Dent, waye ke enentsimbi zamaxesha zintandatu ziza kukandwa ngu Mr. Dent lowo ukuba azilungise. Kodwa u Mr. 8. Dent akazange abone mntu uza kuye, ngesizatu sokuba ute umfundisi akufika kwa Komani wangena ndlwini itile wabuza ukuba yeka Mr. Dentina lendlu ? Kwatiwa kuye " Hay'ulu. ngile'' zaba ke ziyatatyatwa ezowotshi. Siva ukuba eli asililo ixesba lokuqala kulahlekiswa abantu ngale ndlela. Hambani ne Mvo xa niya kutenga, ekuhambeni kwexesha niya kulubona uncedo lwalento sinixelela- yo-

INDAWO *NGENDAWO.*

NGABABHALELI BETU.

E QONCE.

Lomzi ungomnye wendawo ezibaluleke kangaka nje kuteni ukuba ungabi nandaba? Uti yini wena Mhleli ? Fanukuba yilendawo yokuba umlisela walapa kule dolopu yencubeko awulibheke nganto ipepa. Into epambili kuwo yi cricket ne football, njalo njalo, izinto ke ezo ebezifanelwe kukuhamba kunye ne Mvo NELISO LOMZI. AWU, fumana ndizibulala ngalendawo kuba siyinyaniso isiteto esiti "Into ayina ludumo apo ivela kona.'' Ke noko ndiziva ndinyanzelekile kuba umntu weyela kutetwa naye. Ndigqite apo.

Lomzi uqubela pambili ngati usukela Bhai. Zugcine kade Bhai-Ndlovu kwi situba seminyaka emibini, pas op.

Nesikolo sangokuhlwa sase Wesile siquba kakuhle kanye pantsi kwento ka Tshazibana, ndaye ndingayiboni indawo[1] yokuba lamanene akolala zintle kangaka ati xa akumshayo,—you knows that, etc,, ukuba angangeni kuso ake alozele ku Davidson A Alcock, kubalentoyesi Ngesi iyawubulala umzi ezimbutweni, ongeva isiqarala intsini kwakukunyushwa kanti akuhlekwa lento ayitetayo kuhlekwa isi Ngesi, nfike ke umduna selesuke waxe-la intaka yojiwe. Ngenani isikula ise lixesha.

Ene, u stand-up lo akateti Into ngapandle kokuzipata kakuhle, kuba lento nditshoyo ungafika lempi inkoliso yaya inxiba ezokolala nange mini ongati wakuti tu ungamhlambi, iteta nangokulwa.. Siqale ke sigxeke sakufika kulonkomzoni bi ngolohlobo, kuba lento ikukuaipata kakuhle intle ekunxibeni, kodwa i discipline ifuneka kakubi. Ndigqite apo,.

Umzi usamaua uhleli. Ke safikehra yingxushululu yetitshala ezibe zisinga e-Lovedale ukuya kuqeqesho lotitsbala abangena ziqiniselo nabanazo(Teachers'Vation Course), ibe ninzi ke lompi idibene -mtinjana no mlisela abavela ezikolwenj? Kute sisahleli sibute nawo e Dining Room (P.X's.) yehla into esendiyixeli. Kwavela elinye inene latsho kolulwimi Iuka Vitoli, latsho umzi wakangelaua, ndasuka ndamana ndizimfikua. Kanizele ku Davidson A Alcock iselixesha mzi wakowetu. Ndigqite apo.

Ene—
Pambili nto zakowetu Sova ngani xa kunzima, Kuhle ngongxamo sokopo Okutshonisa nngekabipi,

Ene, makube kwanele namhla sobuye sinipakele.

Ikapolo sisacolo esi kulu.

IZINTO NGEZINTO

UKOHLOKOHLO.—Isifo sokohlokohlo siyanconywa e Rondbosch, sinomonakalo esiwe nzayo.

U REV, ME. DAVIDSON.— U Rev. Davidson umfundisi wase Adelaide nsingisela eku pileni.

IBHULA.— Imitandazo echase intshukumo yama Bhulu mayelana nalo Mteto we Bhula ipalasekile nkungena e Bandla.

IMFUDUKO—Imfuduko yokuya kwelipezulu igqitile emgceni. Kuyo yonke indlela yokuya kwa Bulawayo ungafika ingumntu kupela.

UKWAKA.— Umsebenzi wokwnka mnioz kwelipezulu e Salisbury. UnivuZo kwimesilani nabacweli uhamba kwi £1 10/ nge mini endodeni.

INKUMB' E NATALA—Umonskalo owenziwa zezi zilwanyana kntiwa zinkumbi nya. nconywa kwelase Natala. Umti ezite zawnpata ngenceba ngowe ti (tea).

INGQAKAQA.—Ipepa lase Dordrecht i " Frontier Guardian " lixela ukuba kuko umntu ohliwe yingqakaqa e Mhlanga noku. ba bama 20 abanesisifo e Roodeneok.

INKUMBI.—Amafama ase Gqunube inkumbi zifeketa ngawo, zonakalise yonke into elinywayo kwada kwapatelela emitini eziyishiye eeyiyimiguxa engena magqabi.

U HON. J. ROSE-INNES—Ngomhla wama 20 kulenyanga u Hon. J. Rose.Innes wenze inteto encomekayo e Kapa pambi ko Manyano olutsba oluyilelwe ukwaluea inqubo yombuso angu Mongameli walo yena.

YININALE !—Umntu ontsundu ogama li. ngu Jim utatwe wafakwa entolongweni e Johannesburg wazuzi imivumbo emashumi mabini anesihlanu. Ityala lake litetwe yi Jaji kufumaniseke ukuba umsulwa wabanjwa ngemposiso wayekwa oyena ngewaye banjiwe.

IMINENGA.—Nge Cawa engapaya kwale idluleyo ike yabonwa ilinani e Monti isondele isituba se mayile enye elunxwemeni. Into embi kubonakala ukuba e Monti akuko zikitshana zokuzingela iminenga. Ibilicam ke namhlanje kuba ibisondele. Sisikolobho esi esingamtyebisa ngelanga umntu. Kunanina ukuba kungabiko umanyano lwe minenga ?

IZILIMO.—Amafama omandla wase Robert, son ayila iqioga lokuba azuze into ngezi. limo zawo endaweni yokuba zibolele ema kaya. Ayile umanyano oluyakuvelisa £1000 imali yokuqulunqa induwo yokuba izilimo ezinje nge diliya ziwe.iwe ziyoku. tengiswa kwela Pesheya. Lamafama ashn. shu kakulu ngalento enamatemba kanjako okokuba ingeniso iyakuba nkulu.

ISIBINDI,—Kutsba nje kusandula ukubu lawa ingwe ebikade ikataza igqib' impahla efameni ka Mr. D. J. Hatting e Granfontein. Ide yapunyelwa ingqina, ya Liwa abusuku bonke, ite kodwa yakuba ingapumi engabeni yayo nezinja ezikalipileyo imane izenzakalisa, kwada kwako indodana enesi bindi ete yona yaya kungena enqabeni yayo ipete isibane ; ute umfana lowo wakasa epete umpu neso sibase, wati akuti tshiliso lengwe waselebasa zatsho kuyo zozibini izikoti zake ngokukauleza, wayiqukn la.

UBURALARUME.—Umfama wase Vryheid ufuuyenwe enetyala loburalarnme kwinkwe nkwana enoinane ngesiposwana esingeni pofu, weyibeta imivumbo emayelana nel ulu ngento enkulu yesabhokwe eeipindile Lo nkwenkwana isuke yayinyama yonke, iati lona icala langase kunene akwabiko nto yayisisikumba, emblana kwada kweauka isizibá esikulu seny.ma sawa pautsi, ne ngqwiniba ezi zasala se ingamatambo Pezu kwako konke oku lomfama unikwe isohlwayo esik pukapu kunene se £75 okanye inyanga ezintandatu entolongweni.

UMTSI.—Ngase Cradock koko inkwenkwe eke yafakwa ezingxakekwen yingwe. Knte ngemye imini ekwakuko inggina, yati ingwe eyayif unyen we zizinja nangabazingeli yaga xeleka pezu kaeukw na eyayicope pezu kweliwa icalusa impahla ingalindele nto. Ito yakubona kusiti momfu eliramnco yaenka yayinkohla, kwaye kungeko xesHa nelokutini yaye inkwenkwe uloyiko Iwayo lulnkulu ngemfanelo. Igqibe ke kweokuba ukufa knyafana, yaseyiziposa kweloliwa yakutsho ezantsi. Kuko abafazi ababeteza inkuni ngama abayibonileyo inkwenkwe ukuwa kwayo. lyongiwa siteta nje lonkwenkwe. Amankazana lawo ati ayivile uku. gquma kwayo iogwe leyo.

UBUKWELE. — Kwidolopu yase Midland County, Mchini, umfana omi. nyaka i 21 ubudala ngumlungu Hale watshata nentwazana engu Miss Bellmond eminyaka i 18 ubudala bayo, emvi kokutshata bayokuhlala kwindlu abayipiwa ngusontombi; kusasa ngomhla olandelayo kutonwe yonke londlu seyise madangatyeni. Ucinyiwe umlilo zifnnyenwe izidumbu zabantu abasand' ukutshatiswa sizinakele kakulu. Kufunyenwe ukuba kanti kuhle liwe nje indlu yonke imigangato yayo igaleiwe izinto ezibu parafini nobnxnzalala obuninzi obuqushekwe pantsi kwezandlaio bunamafuta. Umfana ogama lingu Allen owayeyinyekile intwazana ie usentanjeni

IMVELISO YOBHALO.—Ingxelo ebekwe pa. mbi kwe Bandla ebonisa intsebenzo ye mbalo zabazelweyo ukuauka ku January kuze ku March 31 ogqitilevo bonakalisa lamanani alancelayo. Ababhalwe e Kolon •1,727, East Griqualand 702, Tembul nd 224 pesheya kwe Nc ba (knnye ne Walfish Bat) 569 fyoukė lentr 6 222 ; kwe inam mhlope 1894 untsnndu 4 328 Ababhubhileyo 5,755, mhlope 1 359, untsundu 4 496 Ubu ninzi kwinani lontsundu ngabautwatia aba ngapantsi kwemintaka emihlanu ubudala. Intlanine no Zikupeculula a afe ngam qu bmiso 171 kuntsundu 19 n ikido 93, ku nteut du 1 ; izidumbu eztqangquiulwet o 126 kuntsundi) 22 Imali ebhatalelw lomsebe nzi £2158, kule mali ama £671 ngawama pepa, ama £720 ngawokushicilela.

IVILAKAZI—Indodana etile yase Kapa engumsebenzi yati ngesiko lendalo yazifunela umhlobokazi, kanti unyeyelinela ebu tatakeni obudala Into ke embi asinto iye iqepezele ukubonakala xa umntu afilishwayo Betshatile indoda inyamezele iveki ezintlanu isambata inqubo ezingahlanjwanga, yada yancama yaya kuzihlambela ngokuti inkosikezi yaba nentloni ishukume. Isilerezana somfazi sifikile endodeni sisuke sszotukisa " yini, yintoni le uyenzayo " " Hayi, ndihlamba impahla yam," yatsho indoda ukupendula. " Yini, diya, ndose ndiknboleka kwezam," latsho ivilazana. Akarendulanga umfana usuke waquba ivasi le yena. Ngemini elandelayo intwazana icele ukutyelelela kunina ukuhlongoza impilc ivumile indodana kwapelekelelwana kakuhle Ute mba wabuya umfazi wafika sekulila ibhungane, indoda imkile nempahla itengisiwe Binjalo isiqamo sokungapataui kakuhle.

UMBULISO — Kube luvuyo nosizi e Ngqushwa ukumka komfundisi. U Rev. A. .1 Lennard uhlanganise yonke iramente ukuze kubulisa umfundisi u R v. C Bekwa kuba efu- duka kungene intlanganiso endlwini yetya- like,utate isihlalo u Rev. A J Lennard,ivulwe ngoculo intlanganiso nangomtandazo, wazi u Mr Lennard wabonisa intlanganiso into ekungayo. wati kuzokubuliswa umfundisi wati pamli kokuba singene emsebenzini u Mr. no Mrs Lennard benze iti (tea) yi kuxhase lentlanganiso ate mayihanjiswe ngama Bodasi pakati kwentlanganiso, kwatiwa bane bonke abantu, kuko nezonka Ute kwakunqitywa ngesiqale umsebenzi kengoku ;waqala ke. Ute akumnandi uku nika komana paketi kwetu, kodwa emsebenzini wake siye sivelana naye, umki esebenze umsebenzi omhle pakati kwesisixeke, omfanekisayo iminyaka esibhozo weteta amatunzi amnnndi ngapezu koku ; wabo. Igosa u Mr. R. Yakuza ukuba atete Lesuka lgosa lipete isipaji, lifike lona lachaza abaramente apo umfundisi wasuka kona nayo ukuba wasuka nayo pantsi nnamhla ipezulu nje, lite mayigcine olukanyo ikulo namhlanje ingahlukani nalo: lamnika umfundisi u Rev. C Bekwa isipaji sine £2 4/, yayi ngumbuliso weramente, uze mhla uyikhumbula lahlela pantsi. Umongameli ubuze u Mr F Miya', Igosa elingenisayo ukuba atete. Wesuka wenza amazwi ambalwa elonisa itamsamsanqa abanalo, nokulunga abakwamkeleyo, nokwanda kweramente kule minyaka isibhozo, wati masipeke umfundisi Ngemitandazo ize kwande umsebenzi e Mtati apo aya kona, watsho uyashukuma yonke intlanganiso ngoluvo olunye. kumke u Rev. C Bekwa wenza umbulelo entlanganisweni, ebulela ne Nkosi, kuba yenze wanda umsebenzi wayo umteteleli. umsebenzi, Ivalwe ngomtandazo in lanfsu'e" ngu Rev. J. Nobanda wakwa Qoboqobo fevaza kwacitakalwa.

IYURE EZINE EMVA KWEXESHA,

Yo Tixo! Hai ukuba bendinokulibukisa ixesha le yure ezintatu nezine eligqitileyo, J3ona inkatazo enokuzihlisela yona indoda ngomzuzwana

U Mr. James Curtis no Mr. C. S. Bennet, base San Francisco bobabini, babe zizihlobo ezazanayo iminyaka emininzi. Kwihlobo eligqitileyo baxabana okoku- qala, . batyolana. Babuye babuyelwa zingcinga ezilungileyo baxolelana. Kodwa akunakuyenza ibe yinto engenzeka- nga into eseyenzekile. Inkumbulo yayigcina lonto kwiityе ebhala kulo, Babe ngabantu abangadibaniyo kangangoko kunokwenzeka. Kodwa, njengabamelwane, bamelwe kuqubisana abantu. Aba babini badibene esitilatweni. Yavuka pantsi ingxabano. Amazwi arara apambana, waza u Curtis ezilibele ngenx' enomsindo, warola ipistoli yake wamdubula wafela kwalapo u Bennett. Ekuhambeni kwemini utete lenteto ingentla—esindwa kuzohlwaya nosizi. Kanti ke kwakungaseko kunceda, natemba, kungeluto.

Kodwa ke u Curtis wayelungisa ukuti inkatazo inokuhla yonke ngomzuzwana? Yinyauiso kuhlala kubonakala njalo, kodwa akuko nyaniso inzulwana esinokuyibona? Akukataleki nokubayinkatazo eluhlobo lunina. Ngoko ke make siqwalasele enye into eyahlukileyo kwangalendlela.

Umfazi onenggondo uti Ngo October, 1860, ndiguliswe sisifo endingazange ndilindele knpila kuso. Ndandinentlungu kuwo wonke umzimba nokohlokohlo obelusitsho ndinge ndizakuba buvuvu. Andifumananga butongo bumnandi imini nobusuku, ndamelwa kulala ndigula. Ndakakazwa ukutya okuinmanzi ngesityа sobulwelwe kuba ndingenakupakama. Intliziyo yam yayibeta kakubi, obungayivayo emqamelweni, nentlungu zindi laba fiuti ngokungati kuko umntu ondihlabayo. Ndaludwamba olungena kuzinceda, kunzima nokupefumla. Igqira lindinyange ngapezu kwenyanga kodwa ndaya ndibabutataka ngakumbi. Ngamanye amaxa ngokuhlwa bendibambeka loyike ukuba akusokusa ndisaptilile. Libize elinye igqira, avumelana ngokuba sendisemngcipekweni. Ndatyiswa ibbulanti ukuba iodigcine. Indoda yam nentombi yam bebesoloko behleli natn. Onke lomayeza akandince- danga nto. Ndase ndisemnyángo wokufa.

" Kute ngelixesha u Mrs Keeling wase Motley, kutupi e Plymouth, umblobo warn waudicebisa nkuba ndilinge iyeza ekutiwa vincindi epilisayo ka Mother Seigel. Nditeuge ibhotile, kwati emva kwentsuku ezimbalwa ndaba nokutya ngokwaneleyo ukuba ndibe namand'la, saya sipela isifo esibi kunene. Emva kokusebenzisa ibhotile ezintandatu zale Ncindi udiyifumene ngokuzeleyo impilo yam, *endiziva ndibhetele kuneminyaka emashwni matatu cgqitileyo.* Intombi zam ezimbini zipiiswe yiyo kwisifo sokuxubahala kwesisu. Ndivakuvuya ukupendula nawupina umbuzo."

(Ibhalwe ngu) Mrs. Louise Jackson, Builders, Arms Hotel, Bridge Road, Hammersmith, London, January 14,1892.

Kwincwadi esilitabate kuyo elinqaku lingentla, u Mrs. Jackson ubuyé ati ngapezu kweminyaka emasbumi mabini pambi koko kugula ngo October, 1890 ebengapili sisisu esibi nasisibindi. Umlomo umuncu, engatyi kakuhle, iti ne ntwana ayityileyo irnhnne, waziva embi, ensitukutezi nokudinwa, enokutyafa okubi esiswini, intUngii ezinkulu esifubeni nasemacaleni, ukubeta kwentliziyo, isiyezi, *waye emana ukuwa futi esititatweni atwalwe ukusiwa ekaya,*

Ngokunjalo siyaqonda ukuba kulendaba yake kuko imbangi ebisplpko isebenza yada ekugqibeleni yavelisa esi sibongobongo esipantse sakupelisa ubom bake. Kuhlala kunjalo nokuba siyayiqonda imbangi nokuba akunjalb. Isono ese- nziwa ngu Curtis sesoktiqubuliseka komsindo wendoda evumele ingcinga zentiyo nokupindezela zalaula intliziyo yayo zayelisa isiqamo sokuba kwenzeke ukuba ibulale, Kwisifo esahlukilevo selinenekazi ibilutshaba lomzimba walo, isisu esibi esonakeleyo, esite ekupeleni anamandla amakulu.

Isifundo siyafana. Kwaluse ukuqala kobubi nbunqande xa busenokulaulwa ngokulula.

I DRESS-MAKING E BHAI.

IFISHINI EZINTSHA NEZIBUKEKAYO—
KWI DRESS-MAKING. ZIYELE KU—
MASALISA, 6 Cross Street, ngezantsi kwetyalike yama Wesile,
PORT ELIZABETH.

I-Dress imhlala kanye umntu, aye namaxabiso engawemfanelo. Yiqondisiseni indawo akuyo.

PELEM BROTHERS.

ABAKA-PELEM bangama Gosa Omse. benzi e KOMANI nase QONCE. Bonke abafuna umsebenzi wase Rautini nase Ndleleni kololiwe wase Ndwe, mabaye ku PELSM e Komani okanye e Qonce. 2276

JAMES ADAMS,

ISILAR A
E QONCE.

ORSMOND

The GREAT AFRICAN
REMEDY.
THE STANDARD DOMESTIC MEDICINE FOR FEVERS AND COMPLAINTs for the HOME.
Vida Pamphlet
The GREAT AFRICAN
For Eczema, Eruptions, Sores, Syphilitic and Scrofulous
BLOOD
Unrivalled Tonic for FEMALES.
Specific for Kidney Urinary Disorders.
PURIFIER
for
COLIC,
DIARRHCEA,
DYSENTERY

GREAT AFRICAN
FRUIT PILLS.
For Liver, Stomach and Bowels
The Cure for
Piles and Constipation.
Are Mild and Effective. ...
the *GREAT AFRICAN*
HERBAL OINTMENT.
For new and Old Sores, Skin Diseases, Piles, Rheumatism, Sprains, in Joints and Muscles, inflammatory Swellings

MEDICAL HALL
KING WILLIAM'S TOWN.

Isikolo Esikulu e-St. Matthew's.

SASE TSHATSHI.

Isikolo soqeqeshela umlisela nomtinjana ontsundu, ose wusidlulile I standard IV: *Nabafuna ukupumelela uqeqesho lotishala lemnyaka emitatu sivulwa apa kwiveki edluleyo.*

Amakwenkwe namantombazana antsundu aapumelele 1 3rd standard anokwamkelwa abe ngama bhoda, ize anyuselwe kwi NORMAL SCHOOL akuba epumelele u standard IV, neviwo le elememntary.

Kuya kufundisa utitshala eziqeqeshiweyo ezivela e England kwabafuna ukungena bahlate kona ekuqaleni kuka July, mabatumele kwangoku. Indawo ezingentlalo zoxelwa umntu abhekise ku

CHARLES TABE RE R, U Mpati.
St. Matthew's, Keiskama Hoek,
May 14th, 1895.

UMCHIZA KA
LUMSDEN
Wokohlelo Olukulu.

Umfulawenja — Ezi zifo zipiliswa msinya ngu Mchiza ka R. LUMSDEN
Ingqele Entloko
Icesina wo MFULAWENJA o UKOHLOKOHLO OLUKULU
Iziqamo ezibi zesi sikuhlane zibotozwa kakulu kukusebenzisa
"UMCHIZA WOMFULWENJA." IXABISO: 2/ Ngebhotile or 2/6 litunyelwe Ngeposi.
LILUNGISWA KUPELA NGU
R, LUMSDEN &. CO.
MAOLEAN STREET, [1]
King Williamstown.

W. M. CUTHBERT & CO.,
BASE QONCE.

Ezamanenekazi lehuzi Ezitungwayo Zofele ziqala kwi 4s.
Ezamanenekazi Ishuzi Izihlangu Zofele ziqala kwi 5s.
Ezamenenekazi Izihlangu ne Shuzi ze Kanvas emfusa ne blowu ziqala kwi 4 a. 6d.
Izihlangu Zemitya (Rope Shoes) Izipesheli i Felskuni Ezimnyama Zamadoda kwa Nezimfusa nge 5s. 6d.
YIYONA VENKILE EZIHLANGU ZOMELELEYO KULE DOLOPU.

CUTHBERT & CO,
MARKET SQUARE,
KING WILLIAMS TOWN.

UKUBA UNGA
'IKLOKO' YAKO ne 'WOTSHI'YAKO
ZLNGAHLAXJWA.
—YIYA KU—
N. MEYER
CAMBRIDGE ROAD, EQONOB,
Uzenza ngokutshipu, kunjalo nje zifungelwe

KWABAKUFUPI NABAKUDE
(Ngokukodwa AM A TRANSPORT)
IMIXESHA YENYAMA
NE ZONKA,
NINOKUYIFUMANA KO
Smith & Gregg.
UMELENE NAMAGQUBA APAKATI
CAMBRIDGE ROAD
KING V WILLIAMS TOWN.

G.P.PERK NO NYANA
E QONCE,
YEYONA NDAWO YOKUTENGA
imisesane yoku "Ngejaf
Im.isosane Yokutshata,
A macici Namehlo (Spectacles).
KA NANJALO XA UFUNA
UKUHLAZIYA. IWOTSHI.
MARKET SQUARE,
King' williamstown

BISSEKER, GEORGE & Co.
ABatengisi Abakulu Bezihlangu
101, Main Street, E Bhai.
BAGCINA IMFUMBA
IZIHLANGU NE SHUZI
EZI LUNGELE
UKUHAMBA, UKUKWELA, NOKUHLALA EKAYA,
UKUHAMBA ISIKOLO, NOKUSEBENZA EMASIMINI.
Ezo Bisseker, George & Co. Izihlangu zihle nase mehlweni; ziyamhlala kamnandi umntu, zinjalonje ziya-xolisa.
Bonke abalesi, be. MVO NELTSO LOMZI *bayanoyishwa ukuba bezekulomzi, bayanoyishwa ukuba bezekulomzi, batenge into abazitengayo kona.*

Bisseker, George & Co.,
INDLU YESI
HLANGU -ZENTSHINGA- YENDLOVU,
PORT ELIZ BETH.
UKOHLOKOHLO 0LUBI. UKOHLOKOHLO OLUBI. UKOHLOKOHLO OLUBI.
"Commercial Road, Peckham, July 12,
" Nkosi Etandekayo, — Ndingumntu oliqitala okuvakaliseni izimvu zam, kodwa noko ndingatanda ukukubulela. I lozenges zako zenze ummangaliso ukudambisa ukohlelo Iwam olubi. U- kususela kwixa lokutyandwa koqoqoqo warn ngamaqqira (njengomfi Ikumkani yase Germany, emakubulelwe u Tixo kuba ndisapiliie mna, ekubeni yona yafa) okwenziwa kwi Hospatala yase ISt. Bartholomew, akuko lukohlelo bekunokuba ngapezu kolo; ngamanye amaxesha belude lubange ukutyafa. Izikohlela, ebeziba zininzi, zilukuni, zite zacombuluka, lubehle Lwandiveka ngapandle kwenkatazo.— Ndim, nkosi, i owako onyanisekileyo, J. HILL.
UBUNGQINA BE GQIRA. UBUNGQINA BE GQIRA.
UBUNGQINA BE GQIRA.
" Routh Park, Cardiff, South Wales, Sept. 28,1893.
" Enyaniswеni, ndinovuyo olukulu nam ekunikeni obam ubungqina bokulunga kwe Lozenges zako zo Kohlelo, kuleminyaka isibhozo idluleyo sendiyalela ukuba kusetyenziswe zona kubantu endibanyangayo e hospatala nangapandle, ndazifumana zinceda kakulu. Ndikatazwa futi ngumqala; zi Lozenges zako kupela eziti zibe no* kundinceda. Kengokoi Lozenges zako ndinokuziyaleza kabukali emzini ongaba ukatazwa zizifo zomqala, ukohlelo ebusika, nazipina izifo zemipunga.— Enyanisweni owako, A. GABRIEL, M.D., L.R.C'.P. and L.M. Edinburgh. L.R.C.S. and L.M. Edinburgh.
Sebenzisa i Lozenges zika Keating Sebenzisa i Lozenges zika Keating Sebenzisa i Lozenges zika Keating " IMINYAKA EDLULEYO I 75 " zati zaqala ukwenziwa i LOZENGES zika KEATING, yaye intengiso yazo isanda, kuba zingagqitwa yeza ekudambiseni nase kupiliseni ukohlelo ebusika, umbefu, nomqala; inye kupela iyanceda.
AZIGQITWA NALILIPINA.
AZIGQITWA NALILIPINA.
AZIGQITWA NALILIPINA.
Ezika Keating i Lozenges zo Kohlelo, elonaveza lingaggitwa nalilipina EKUKOHLELELENI.UKUTSHA ILIZWI, ne NKA1AZO ZOMQALA, zitengiswa ngo ^konxana ne Bhotile zi Chemists zonke*

'IKAVA' NE VENKILE
YABA NTSUNDU,
EQONCE NASE MONTI.
Iqiya zetu ze Silica zifikile, zibukali ltyali Ezishushu ziko, zibukali nazo.
Icuba letu lama Mpoqdo qama Xesibe limnandi kwayekwa.
Into yonke iyatunyelwa napina nge Posi nango Loliwe.
PAUL XINIWE,
General Agent,
Market Sq., Kingwilliamstown, Union Street, East London.

DYER-DYER
(LIMITED)
ARE NOW LANDING,
Ex ' CHILENA," from London: BOILED LINSEED OIL (Storer's) 1, 2, and 5 gallon RAW „ „ 1 and 5 gallon
A.F. GREASE, " Boll Brand," 7 and 14 lbs „ Common, 28 and 56 lbs.
LUMP ALUM, 25 lbs.
PUTTY IN BLADDERS, 224 lbs.
SALTPETRE, 25 lbs.
WASHING SODA, 100 lbs
STOCKHOLM TAR, 1 gallon
OCHRE, in Boor Barrels, Two Shades
BURNT UMBER, Dry and in Oil
IMPERIAL FRUIT JARS, Two Sizes
COPAL VARNISH, and 1 gallon
RESIN, 25 and 112 lbs.
RED and WHITE LEAD (Genuine), 56 and 112 lbs.
GALVANISED IRON, 6/10 feet
FALK'S TABLE SALT, If lb. packets
GUTTERING, RIDGING, PIPING, etc., et
ALSO-•
Ex CLAIRMONT," from London:
PORTLAND CEMENT, White Brothers
OCHRE, Beer Barrels
BRANDRAM'S SULPHUR, 50, 100, and 200 lb. casks GALVANIZED IRON, 6 to 10 feet SULPHURIC ACID, 4/42
GALVANIZED BUCKETS, 10, 11,12,13,14,15, and 16 in.
BOILED OIL (Storer's best), 1 and 2 gallon
TATTOO OIL (Storer's), 1 gallon
TRELLIS, 3, 5, 7, 9, and 11
WIRE NETTING, 1, 1, H, and 2 inch
BAKE POTS, 10, 12, 14, 16, and 18 inch SOAP POTS, 25, 30, 35, and 40 gallon BREAD PANS, 8 x 10.10 x 12,12 x 14,16 x 18
We are offering all the above lines at Specially REDUCED RATES : to arrive " and whilst Landing.
DYER& DYER,
(LIMITED),
KING WILLWIMS TOWN & EAST LONDON,

Peacock Brothers no Weir,

NGABATENGI abakula Bokutya, benika awona Manani alungileyo- E Komani apa wakuke uyekuva into obaya kuyayo pambi kokuba utengise nokuba kupina
Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, I-ertyis, Umbona, Amazimba, bahlele benawo.
THOMAS BAILEY & CO
BALUNGISELELI BENTO YONKE
QUEENSTOWN.
BANOKU kwanekela nantonina ongayibizayo ngawona manani apantsi
anokufunyanwa apa Emazantsi-Afrika.
Kaniwaqwalasele amanani etu; nize nize kubona Impahla Engumangaliso ukulunga etengiswa ngalomanani.

Ezamadoda Izihlangu Ezimitya»mide Ezomeleleyo, 6s 6d, 7s, 8s 6d, 9s
Ezamadoda Izihlangu Ezimitva mifutshane Ezomeleleyo, 5s, 6s 6d, 7s 6d, 8s 6d
Ezamadoda i Felskuni Ezomeleleyo. 5s 6d, 7s 6d, 8s 6d
Ezamankazana Ezomeleleyo Zetwa wa, 5s, 6s 6d, 7s 6d
Ezamankazana Ezimitya-Mide, 4s 6d, 5s, 5s 6d
Ezamadoda Ibhulukwe Zezitofu (Tweed), 5s, 6s lid, 8s 6d
Ezamadoda Isuti Zesitofu, ziqualela kwi 16s 6d
Ezamadoda ihempe Ezilushica, ziqalela kwi 9d, ziye 4s 6d
Ezamadoda Namakwenkwana Tkep. ziqalela 6£d, de kuye 3s 3d
IMINQWAZI YAMADODA, IKAUSI, IKOLALA, INGXOWA ZABAHAMBI, INGXOWANA EZINTLE, NJALO-NJALO.
Iponti ekutengwe ngayo kwesetu isitora, itabata isituba seponti enesihlanu etenge kwezinye ivenkile.
THOS. BAILEY & CO.. WEST END, E-KOMANI.

Kubaxhasi Abantsundu
BASE
Bhai, Tinara, Nqweba, i Mduluswa, Hankey, Napi-pi-pi,
H LA KANYANA
(J. P. CASELY)
WAZISA abahlobo abantsundu ukuti usabambe zimi ukutengisa ngamaxabiso angapantsi kwawazo zonke Ivenkile
APA E-BHAI
Ihempe, Ibhatyi, Iprinti, Ityali, Ibhulukwe, Ikeleko, nezinye ingubo Zanankazana zicolwa nje. Zeziketwe nguye salufu Pesheya (England), Ziqata, Zilushica, Zin tie kuba uyayazi into efunwa Ngo-Ntsundu.
Yiza Kuzibonela upete ipepa MVO, akusayi kurana Istru.
J. P. CASELY,
PABLIAMBNT STREET.
PORT ELIZABETH.

NKOSI ETANDEKILEYO,—Kwinyanga ezi 9 esidlulileyo kwincwadi endakubhalela yona ndanggina nkusebenza okaln. ngileyo kwe RHEUMATICURO kwisifo earn. Ubudala bam yiminyaka e 60 bendibulawa ngu Mbefu nakuku Qaqamba kwamatambo iminyaka e 23, ndafuna uncedo kumaqqira azekayo, ndalinga konke, andapila noko, ndagaiba kwelokuba andinakunced wa mnen, ukuze ndide ndilinge i RHEUMATICURO, ngoku nje Ihlaba noku Qaqamba kwamatambo nokwentloko obebundite nzumbn nase buaweni kupelile kanye, indaba sezizahse lonke ukuba " u Ou Meeeter VAN ROY amper heel te maal gezond was van de wonder-lijke medieijn," oka kayinyanieo, wonke oke walilinga uliyaleza emzini.
U Mr JACOB VAN ZYL, wase Vlakfontein (enquleni yase Steynsburg) upiliswe kwi Ngqaqambo-matambo namalungu ebiseyi bunoanywa. Ngokuteta kukanina uti akatange abone isifo esi " Kortszekte," zngabnla bona, njengeso Idosi yokuqala ye RHEUMATICURO yamena' umfana lowo ukuba alale kamnandi, abayekanga ukumseza, nangona umelwane nezihlobo zati knm a ikolwa ukuba uyakupila, *seke wandivelela kabini emva koko,* wauqqina intsebenzo ye RHEUMATICURO ne PILLS.
Ixego u Mr. VAN DER WALT, wase Reddersbnrg, wapiliswa yibhotile enye.
U Mr. A. COETZEE, wase Brandvallei, oyi Mantyi yase Metele, wapila kamsinya. Unyana warn u John, no somfazi wake, u Mr. J. A. SMIT, wase Wonderboom, e Bhe kesdorp bapihswa nabo, mandiyeke ngoku, —Owako obulelayo u J. 0. VAN ROOT.

Eka JONES
I-RH EUMATICURO
Lelona Yeza Likulu lase MaZantei e Afrika kwi Ngqaqambo zamatambo, Isinqe, Nama. hleza, Ihlaba, njalo njalo, ipilise intapane yezifo ebeziaikulu ngapezu kwezi sezika. nkanyiwe Inokufunyanwa kubo bonke Abapitikezi Mayeza nakuzo zonke Ivenkile zalapa e Mazantsi Afrika.
J. LAMONT,
NKATULA! NKATULA
QUEENSTOWN.

UKUPELA kwevenkile e Komani apo amafama anokuzifumana zonke izinto azifunayo.
U
Unga angacela amehlo ecelela imfumba anazo ze Tyali, Blankete, Izibhalala, Ingubo Zamadoda, Ihempe, Printi, Izihlangu, Isali, —ngazwinye yonke into enokulangazelelwa ngumzi ontsundu, ngamaxabiso angazanga aviwe ngapatnbili e Queenstown.
—o—
Ukuse uyinakane nawe into esiyenzayo elifezekileyo ikuba 75 Eagle litengiswa nge 30/ ; Imixokelelwana yokutsala, venkabi I0, 10/. Iswekile elungileyo emtubi 30/ nge lOOlbs ; Ikofu 1/ ngeponti.
—o—
Kwakona unemfumba yengubo ezingono xesha, zonke ngamaxabiso abaluleko ngobu. pantsi. Lilo eli ixesha labahlobo betu bangapandle ukuba batenge.
IMVELISO.
Awona manani apezulu anokufunyanwa go Boya, Izikumba, Imfele, ukudla, njalo-njalo, njalo njalo.
J. LAMONT,
Kwi Boloro yakwa Komani,
QUEENSTOWN.

DR. T. H. SMITH,
(Ugqira Wamehlo),
UYACEBISA NGENCWADI.
Address.
Box 336, Johannesburg.

XASANI OWOHLANGA!
-u-
C. P. MATYOLO
Wenza Izihlangu Ezihle "Konkena,"
UKANGELE E MALIKEN1
E QONCE.



W. SAVAGE & Sons
E CALA,
BASOLOKO befikelwa yimpahla entsha, okwangoku ngabona banempahla egqibeleleyo kulo Mandla.
I PRINTI,
I SATINA,
I KESHMIYA, I TYALI.
Ezona zibhetele nezitshipu kanye exlnokutenywa ngumntu
IQIYA ZESILIKA,
IZIKAFU ZOBOYA,
IZIHLANGU,
NOMAQATENI (Shuz)
NJALO, NJALO.
-----ZENTLOBO ZONKE BETU._____-
ISEBE LAMADODA.
IBULUKWE Z0 Kodi, I- molskin, Izitofu, Izitafu, Ezimdaka Ezilushica (Whipcord).;
Iminqwazi nezi Catyana (Caps), nento eninzi yezihla ngu zempi yase Zikolweni.
IZINXIBO. ZOKUTSHATA ZE NTLOBO ZONKE NAMAXABISO. ----------
KUKWAKO ZENCHAWA NEZIBALALA
ZELILIZWE, NJALO NJALO.
IMBOLA! IMBOLA!
EYONA IBHETELE.
WM. SAVAGE & SONS
KWI
BALA LABA TEMBU,
E CALA.,
Amayeza ka Cook Abantsundu.
UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange. lise lamayeza abalulekileyo.
Elika
COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxaza. 1/6 ibotile.
Elika
COOK Iyeza Lukokohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.
Aka
COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe, 9d. ibotile
Elika
COOK Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile.
Ezika',
COOK lpils. 1/ ngebokisana.
Eka
COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.
Oka
COOK Umciza Westapu Sabantwana. 6d. ngebotile.
Oka
COOK Umgutyana Wamehlo. 6d. ngesiqunyana
Oka
COOK Umciza we Cesine. 3/6.
Niqondise ukuba igama ngu
G. E. COOK, Chemist,
E QONCE.
Ngawenkohliso angenalo igama lake,
O watongisayo e Mount Frere, kwa Baoa, J. J. YATES, " Umatendela."
E MONTI
A.W. GIDDY,
UMTETELELI EMATYALENI,
Umbhali Minqopiso Yemvumelano.
E QONCE.
et86
E. J. BYRNE,
(ATTORNEY, ETC.)
UMTETELELI-Ematyaleni, Umbali Minqopiso yengqesho neyentengiso mihlalaba. Ukwa yi Arente ye Gresham Life Assurance Society. No 33, Maclean Street,
E-QONCE.
FRANK ELLIS,
(SOLICITOR, ETC.)
UMTETELELI-EMATYALENI, u Mbali-Minqopiso ye Mvumelwano, neye Mihlaba.
UNOMAZAKUZAKU WE NKUNPLA YE VICE ADMIRALTY
EDUTYWA.
"Amatyala uwateta kuzo zonke i Ofisi za Pesheya kwe Nciba.
Yi Arente ye Commercial Assurance Company (Limited).
-O-
MASSEY NO WYNNE' (ATTORNEY ETC.)
ABATETELI EMATYALENI,
Ababhali Minqopiso ye mvumelaqo
NEYE MIHLABA,
E MONTI,
_____125
ERNEST E. WEBB.
(ATTORNEY, ETC.,)
UMTETELELI KUMATYALA AMAKULU ALE KOLONI.
Umbhali Minqopiso Yemvumelwano
E-DUTYWA, pesha kwe Nciba.
TTNOKUVVATETA amatyala kuzo zonke i Ofisi zapesheya kwe Nci-I'cuwa Dakwa Centane, e Willowvale, Nggamakwe, Engcobo nase Mtata.
Uquba ngenyameko nempumelelo-eyiyo.

Published by the Proprietor, J. TENGO JABAVU, at Smith Street, Kingwilliamstown.